



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2011

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha asi-7.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

ISICATSHULWA A

- 1.1 1.1.1 Ngorhatya√ (1)
- 1.1.2 Kukwenzela ukuba wonke umntu ayimamele.√/UMongameli ufuna ukuvakalisa kumntu wonke umyalezo wakhe. √ (1)
- 1.1.3 Ibonisa ukuxabisa izimvo zoluntu lonke, abatsha nabadala.√ /ibonisa ukuba uMongameli weli uhamba namaxesha.√/ibonisa ukubaluleka kweteknoloji, ulwazi gabalala ngeendlela zonxibelelwano√ (2)
- 1.1.4 UMzantsi Afrika ongenacalucalulo ngokobuhlanga nangobuni√, oxabise amalungelo oluntu.√ (2)
- 1.1.5 1994 √ (1)
- 1.1.6 Sisebenzela phezu komsebenzi owawuqalwe ngowayenguMongameli uNelson Mandela.√√/Ukusukela koko kwakuse kuqaliwe nguMongameli. √√ (2)
- 1.1.7 Kunika abantu ithuba lokuba bazikhethetele urhulumente abamfunayo.√ (1)
- 1.1.8 18%√ (1)
- 1.1.9 C ukhuthaza ukuba abantu bangavoti√/C√/ukhuthaza ukuba abantu bangavoti.√ (1)
- 1.1.10 Ilungile kuba abantwana abaneminyaka eli-18 basesesikolweni.√√

OKANYE

- Ayilunganga kuba ikhuthaza abazali ukuba baxhomekeke, bondlelwe abantwana ngurhulumente.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 1.1.11 Bendingalinda de zifike nakum/bendingabhalela uMongameli ndixele imeko embi esihleli kuyo/bendingazi kwenza nto.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (1)
- 1.1.12 A Le yiforam yamazwe anemali√/A√/Le yiforam yamazwe anemali. √ (1)

- 1.1.13 Lurhwaphilizo✓/ukuqashwa kwabantu abangenazakhono✓/
ukuqashwa kwabantu kwizithuba ezingabafanelanga.✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (1)
- 1.1.14 Kuhlaziyiwe imo yezoqoqosho.✓
[Umfundi obhalileyo uyanikwa inqaku nokuba impendulo
ayichanekanga. Ongabhalanga akafumani nqaku.] (1)
- 1.1.15 Ukuveliswa kwamathuba emisebenzi/iindlela okanye iinkqubo
zamaSebe kaRhulumente zokuvelisa izithuba zemisebenzi.✓ (1)
- 1.1.16 Abantu bazazi imeko yabo malunga nogawulayo ukuze bafumane
uncedo.✓/kukulwa ugawulayo nentsholongwane yakhe. ✓ (1)

ISICATSHULWA B

- 1.2 1.2.1 Ufuna ukuqiniseka ukuba lo myalezo awugqithisayo uyafika kwaye
unefuthe ebantwini✓/ubethelela umyalezo ukuze ufikelele kubo
bonke ngokuvakalayo.✓ (1)
- 1.2.2 Uqhuba ngokungenankathalo kuba amehlo akawamiliselanga apho
aya khona.✓/Wenza izinto ezimbini ngexesha elinye, uyathetha
embokweni eli xesha eqhuba. ✓/Ibaleka ngesantya
esiphezulu✓/Iyaleqa ukuba bonke abantu bazifumane ezi ndaba
zifikelele kubo. ✓ (1)
- 1.2.3 Lo usemotweni uphila ubomi obungcono kunabo baleqayo✓/aba
baleqayo bayasokola.✓/Lo usemotweni unayo imali kuba naku
eyithwele, abaleqayo abanayo yiloo nto benganxibanga
kakuhle✓/Lo usemotweni nguMongameli Jacob Zuma, aba
baleqayo abanamisebenzi✓ (1)
- 1.2.4 A Bothukile✓/A✓/Bothukile✓ (1)
- 1.2.5 ... ingulowo ufuna ukufika kuqala emalini.✓ (1)
- 1.2.6 Kukubonisa ukuba le moto yeyalapha eMzantsi Afrika✓/imoto
yeyaseMzantsi Afrika✓/imele uMzantsi Afrika.✓/Kungokuba
iqhutywa nguMongameli Jacob Zuma walapha eMzantsi Afrika. ✓ (1)
- 1.2.7 Kuyagxininiswa.✓/kuyabethelelwa✓ (1)
- 1.2.8 Mangena✓ (1)
- 1.2.9 Ukwenzela ukuba wonke umntu ayibone.✓/igqame✓ (1)
- 1.2.10 Abasemagunyeni basebenzisa iimfuno zoluntu ukufezekisa
iinjongo zabo.✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:

Ulwabiwo lwamanqaku:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:

- 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1
- 4–5 amanqaku: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

Qaphela: Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngokweengongoma okanye ngokwezivakalisi, masithungelane siyondelelane.

Qaphela:

- **Ifomathi:**
Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.
- **Ubalo-magama:**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama alibhalileyo alichanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

IIFASHONI ZIYAYIQIBA IMALI YETHU

1. Ifashoni iyatshintshatshintsha.
2. Wonke umntu ufuna ukulandela ifashoni.
3. Impahla yefashoni ibiza kakhulu emalini.
4. Abanye bayayichasa ifashoni besithi yinkcitha-mali.
5. Iimpahla zefashoni zibhengezwa kwimagazini nakoombonakude ukutsala umdla kubalandeli beifashoni.
6. Ifashoni zifika mihla le.
7. Abantu kufuneka balumke bakuphelelwa yimali ngenxa yefashoni.

OKANYE

IIFASHONI ZIYAYIGQIBA IMALI YETHU

Ifashoni iyatshintshatshintsha. Wonke umntu ufuna ukulandela ifashoni. Impahla yefashoni ibiza kakhulu emalini. Abanye bayayichasa ifashoni besithi yinkcitha-mali. Iimpahla zefashoni zibhengezwa kwimagazini nakoomabonakude ukutsala umdla kubalandeli befashoni. Ifashoni zifika mihla le. Abantu kufuneka balumke bakuphelelwa yimali ngenxa yefashoni.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

- 3.1 Abonakale kakuhle✓/uwabone ekude✓/ukutsala umdla kubathengi.✓
(Nasiphi isibini.) (2)
- 3.2 ... iimpahla ongazinxiba e-ofisini uphinde uye ngazo ethekweni.✓ (1)
- 3.3 Kubantu ababhinqileyo.✓/kubantu basetyhini✓ /abasegoqweni✓ /kwisifazi✓
/koomama neentombi✓ (1)
- 3.4 Ndiza kuya esikolweni ngale mpelaveki.✓/mpelaveki✓ (1)
- 3.5 Libhanti elinwebekayo.✓ (1)
- 3.6 ... umsila ngokuyalezela.✓ (1)
- 3.7 Ewe, kuba batsho bakwazi ukubona izinto abazifunayo ukuba bangazifumana phi na ngamaxabiso aphantsi. ✓✓

OKANYE

- Hayi, yindlela esetyenziswa ziinkampani ukuzingenisela imali ngokukhawuleza✓✓/ ibenza abathengi bathenge nezinto abangazidingiyo.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 3.8 Kwenzela ukuba umthengi azibone ukufanelana kwazo ukuze azithenge zonke.✓/Kuboniswa indlela ezihambelana ngayo ukuze uzithenge zonke✓/ukuba zinxitywa njani kwaye ziyahambelana✓/Zizoba umfaneleko.✓ [10]

UMBUZO 4

- 4.1 Kusebusuku/kungokuhlwa✓. (1)
- 4.2 Kumnyama kukho neceba lenyanga.✓ (1)
- 4.3 Umntu ongamameliyo xa exelelwa uzibona sele egaxeleka engxakini.✓✓/Umntu ongeva kuxelelwa uyenzakala. ✓✓ (2)

- 4.4 Bayoyika✓//banxunguphele.✓//baxhalabile✓ (1)
- 4.5 YiBhayibhile✓//IziBhalo eziNgcwele.✓//Incwadi enomlomo obomvu✓ (1)
- 4.6 Sibonisa ukuba kubhekiswa kubantu abaninzi.✓ (1)
- 4.7 Kubonisa intlonipho.✓//imbeko✓//ukuthobeka✓ (1)
- 4.8 Ufuna ingqondo zabantu zixakeke zicinge ngeZulu abe yena ethatha imali.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
[10]

UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 Ukuyalela✓//ukunika umyalelo✓//njengesenzi esikuhlobo
lokuyalela✓//isiyaleli.✓ (1)
- 5.1.2 Sika inyama ekrwada nemifuno ngaxeshanye.✓ (1)
- 5.1.3 Nyibilikisa inyama ngamanzi ashushu.✓//Iyanyibilika inyama
ngamanzi ashushu✓//Inganyibilika inyama ngamanzi
ashushu✓//Ungayinyibilikisa inyama ngamanzi
ashushu✓//Unyibilikisa inyama ngamanzi ashushu✓ (1)
- 5.1.4 D Imifuno✓ (1/2)
C Intlanzi✓ (1/2)
A Intshulube✓ (1/2)
B Inyama ✓ (1/2)
- 5.1.5 Evuthiweyo✓ (1)
- 5.1.6 Ngci✓ (1)
- 5.1.7 Sibonisa ukwenza into ngokucokisekileyo.✓✓//ukwenza into
ngononophelo okanye ngemfezeko. ✓✓//uyayenzisisisa✓✓ (2)
- 5.1.8 Inyama ityiwa ngumama.✓ (1)
- 5.1.9 Umbeko✓ (1)
- 5.1.10 Umpheki wasika inyama nemifuno ngemela enye.✓//Umpheki
wayisika inyama nemifuno ngemela enye. ✓ (1)
- 5.1.1
- | | |
|------------------------|----|
| Inyama yifake efrijini | A✓ |
| Ingonakali | B✓ |
- (2)

5.2	5.2.1	Inkcubeko✓	(1)
	5.2.2	Amakhwenkwe namantombazana amile✓/ema✓/emile✓/ayemile✓/ aza kuma.✓	(1)
	5.2.3	Wona✓	(1)
	5.2.4	Iminqwazana✓	(1)
	5.2.5	Umama uthe bona maXhosa bayazingca ngobuXhosa babo.✓✓	(2)
			[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2011

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C: Ulwimi	(40)
2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

INTETHO YESIZWE SOMZANTSI AFRIKA 2011

- 1 UMongameli uvule intetho yakhe ngokubulela iSithethi esibekileyo seNdlu yoWiso-Mthetho nakuMhlalingaphambili we-NCOP, ngethuba abamnike lona lokwabelana nabemi beli loMzantsi Afrika neendwendwe zehlabathi ngokubanzi ngezicwangciso zalo nyaka. Usebenzise ixesha langorhatya ukwenza le ntetho, ukwenzela ukuba wonke ubani, abantwana besikolo, abasebenzi babe nethuba lokuzivela ngokwabo urhulumente ethetha ngemiba echaphazela ubomi babo. Wamkele egameni likarhulumente onke amalungu ePalamente kwiPhondo leNtshona-Koloni. Ubulele bonke abemi boMzantsi Afrika abadlale indima enkulu ekwenzeni le Ntetho yeSizwe yalo nyaka besebenzisa amajelo osasazo, namajelo anjengooFacebook nooTwitter kunye nokunxibelelana ngqo. Ubabulele ngegalelo labo elibe luncedo kakhulu.
- 2 Uvakalise ukuba ngosuku olulandelayo, iya kube ingunyaka wama-21 uMongameli uNelson Mandela wakhululwayo entolongweni. Iziganeko zaloo mini zizo ezilungise indlela yokukwazi ukuzalisekisa imibono yethu bemi boMzantsi Afrika ongenacalucalulo ngokobuhlanga nangokobuni, oxabise amalungelo oluntu lonke olumanyeneyo nolunenqubela phambili. Uthe singuMzantsi Afrika singene kunyaka we-17 kwaye sikhululekile, sikulungele ukuqhubela phambili nokwenza uMzantsi Afrika ube lilizwe eliphumeleleyo nelinenqubela phambili, sisakhela kwisiseko esashiywa nguMongameli uNelson Mandela. Ubuye wathi sisaqhubela phambili sisebenzela ukuba isizwe sethu sibe sisizwe esiphumeleleyo. Siseke amaziko okuXhasa nokuKhusela amalungelo abemi beli bonke, anjengeOfisi yoMkhuseli woluNtu, iKomishoni yaMalungelo abantu boMzantsi Afrika, i-ofisi zoMhleli zincwadi, iKomishoni yokuKhulisa nokuKhusela amalungelo kwezeNkcubeko, ezeNkolo, ezoLwimi neKomishoni yezeSini.
- 3 UMongameli uthi kuqhutywa unyulo lukaZwelonke qho emva kweminyaka emihlanu, ukunika abantu ithuba lokuba bazikhethete urhulumente abamfunayo. Nyulo olo luqhutywa yiKomishoni yoNyulo eZimeleyo (IEC). Ukhankanye inkqubela-phambili nakunikezelo lweenkonzo ezingundoqo. Bangaphezulu kwama-4000 abantu abaziselwe iinkonzo zamanzi kunyaka odlulileyo. Ama-81% abemi beli basebenzisa umbane xa kuthlekiswa nama-63% ngomnyaka ka-2000. Izinga lobundlobongela lehlile, ingakumbi ukuphanga kuxhotyiwe, ukuqhekezwa kwezindlu, ukuphangwa kwamashishini kunye nobugebenga obenziwa ebantwini, bona buhle nge-8.6% kunyaka odlulileyo.

- 4 Ubonakele umahluko kwicala lemfundo, oko kungqinwa ziziphumo ezihle zeMatriki zonyaka odlulileyo nangumdla obonakaliswe lututsha kwimfundo kwilizwe lonke. Kwakhona, basondele kuma-15 000 000 abemi boMzantsi Afrika abafumana inkxaso-mali kurhulumente. Iza kunyuka iminyaka yabantwana abafumana inkxaso-mali kurhulumente iye kuma kwi-18 leminyaka. Eyona njongo iphambili kukuba ezi zibonelelo zenkxaso-mali zingqamene neenkqubo zokhuliso kwezoqoqosho nezentlalo ukunceda abo baxhamlayo kuzo bakwazi ukuzimela ekuhambeni kwethuba.
- 5 Imeko yezoqoqosho kweli izinzile oko kuboniswe kukumelana noqoqosho obeluxengaxenga kwilizwe nakwihlabathi lonke. Indebe yehlabathi yebhola ekhatywayo ka-2010 ibe yimpumelelo engathethekiyo. Kwihlabathi jikelele, uMzantsi Afrika uziva uwongekile xa ungena kwiforam eyi*Brazil- Russia-India-China-South Africa (BRICS)* entlanganiso yayo eya kuba ngoEpreli kwelaseTshayina.
- 6 Uninzi lwabemi boMzantsi Afrika luvuyela ukufumana izindlu, iinkonzo zombane namanzi, noxa basekho abangekazifumani, abasalindileyo. Kunyaka ogqithileyo urhulumente utyelele iilali ezininzi, iilokishi kunye needolophu ezinkulu. Umyalezo wabantu usemle, bayayibulela inkqubo esele yenziwe kodwa bacela ukuba inkqubo yoziso lweenkonzo ikhawuleze, bekwazibophelela ekusebenzisaneni norhulumente. Ngokwazi umsebenzi ekusafuneka wenziwe, ngonyaka ka-2009 bagqiba ekubeni bajonge eyona miba iphambili. Loo miba yeyezeMfundo, ezeMpilo, ukuphuculwa kwamaphandle nohlaziyo lwezolimo, ukulwa ubundlobongela nokuvelisa amathuba emisebenzi. Ifezekile yonke le miba. Kuloo nto iyonke, abantu basaxhalabile kukunqongophala kwemisebenzi nentlupheko egqubayo.
- 7 Ukukhawulelana nezi ngxaki, bagqibe ekubeni unyaka ka-2011 ibe ngunyaka wokuvelisa amathuba emisebenzi ngokuthi kuhlaziywe imo yezoqoqosho. Bacela intsebenziswano kumashishini amancinci ukuba aqwalasele iindlela zokuvelisa amathuba emisebenzi. Naliphi na igalelo liya kunceda kweli linge. Zonke iinkqubo zamaSebe karhulumente ziza kungqamana nendlela zokuvelisa imisebenzi. Oorhulumente bamaPhondo nabaseKhaya baceliwe ukuba balandele le nkqubo.

UMongameli wazise ngovuyo olukhulu ukuba bakwazile ukubekela bucala imali eziibhiliyoni ezili-9, ukuxhasa ukudalwa kwemisebenzi kwiminyaka emithathu ezayo. Kwidabi lokulwa ugawulayo nentsholongwane yakhe, zivuselelwe iinkqubo zalo ngokongezelela amanye amanyathelo okuthintela esi sifo, aquka ulwaluko, ukuthintela ulosuleleko olusuka kumama oluya elusaneni nangokukhuthaza ukuzihlola.

[Icatshulwe kwintetho yeSizwe kaMongameli uJacob Zuma]

Jonga kumhlathi 1.

- 1.1.1 Khetha igama elichanekileyo kula akwizibiyeli ngezantsi.
UMongameli uJacob Zuma uyenze (kusasa/ngorhatya) intetho yakhe. (1)
- 1.1.2 Xela isizathu esibekiweyo sokuyenza ngeli xesha ulikhethe kuMBUZO 1.1. (1)
- 1.1.3 Ibonisa ntoni ngoMongameli weli lizwe into yokufumana izimvo nakumajelo afana noo*Facebook* noo*Twitter*? (2)

Jonga kumhlathi 2.

- 1.1.4 Chaza izinto zibe MBINI ezibonisa ukuba uMzantsi Afrika esiphila kuwo lilizwe elikhululekileyo. (2)
- 1.1.5 Xa esithi lo ngumnyaka we-17 sikhululekile, loo nto ithetha ukuba eli lizwe likhululeke ngowuphi unyaka? (1)
- 1.1.6 Nika intsingiselo yeli binzana elilandelayo:
'... sisakhela kwisiseko esashiywa ngowayenguMongameli uNelson Mandela.' (2)

Jonga kumhlathi 3.

- 1.1.7 Sisiphi isizathu sokuba abantu bavote rhoqo emva kwexesha elithile? (1)
- 1.1.8 Ungakanani umahluko weepesenti kubasebenzisi bombane kulo nyaka xa kuthelekiswa nonyaka wama-2000? (1)
- 1.1.9 Yiyiphi inkcazelo engangeni ndawo kwezi?
A Urhulumente wenza umahluko kwicala lobundlobongela.
B Uqhubekela phambili nokuzisa iinkonzo ezingundoqo ebantwini.
C Ukhuthaza ukuba abantu bangavoti. (1)
- 1.1.10 Luthini uluvo lwakho ngokunyuswa kweminyaka yabantwana abafumana inkxaso karhulumente iye kwi-18? (2)
- 1.1.11 Ubungathini xa ubukweli qela lingekazifumani iinkonzo zoluntu? (1)
- 1.1.12 Yintoni eyenza ukuba uMzantsi Afrika uzive uwongekile xa ungena kwiforam yeBRICS?
A Le yiforam yamazwe anemali.
B Le yiforam yaseMzantsi Afrika.
C Le yiforam yolutsha. (1)

- 1.1.13 Ucinga ukuba yintoni ebangela ukucotha ekuzisweni kweenkonzo ezingundoqo ebantwini kwezinye iindawo apha eMzantsi Afrika? (1)

Jonga kumhlathi 6.

- 1.1.14 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo.

Ukukhawulelana nezi ngxaki, bagqibe ekubeni unyaka wama-2011 ibe ngunyaka wokuvelisa amathuba emisebenzi ngokuthi... (1)

- 1.1.15 Uthini umongo okanye eyona nto kuthethwa ngayo kumhlathi 6? (1)

Jonga kumhlathi 7.

- 1.1.16 Yintoni injongo kaRhulumente yokukhuthaza ukuba abantu bazihlole? (1)

ISICATSHULWA B

- 1.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ithatyathwe kwilntanethi yaza yahlelwa]

- 1.2.1 Kutheni lo mntu esebenzisa umboko? (1)
- 1.2.2 Yintoni into ebangela ukuba imoto ingazinzi endleleni, ibhabhe esithubeni? (1)
- 1.2.3 Kutheni lo usemotweni enxibe impahla entle nje, aba baleqayo benganxibanga kakuhle? (1)

- 1.2.4 Khetha impendulo echanekileyo:
Imbonakalo yabantu abaleqa imoto ibonisa ukuba ...
A bothukile.
B badakumbile.
C bayoyika. (1)
- 1.2.5 Gqibezela ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli
Ukutyhilizana kwaba bantu bakufutshane nemali kubonisa ukuba ...
(ingulowo ufuna ukufika kuqala emalini/bathanda ukubaleka) (1)
- 1.2.6 Kutheni igama, 'MZANSI' libhalwe phaya kula moto? (1)
- 1.2.7 Iimpawu zokhuzo ezisetyenziswe kule ntetho zibonisa ntoni?
'Imisebenzi! Imisebenzi!! Iyafumane-e-e-eka!!!' (1)
- 1.2.8 Xela igama lomntu ozobe le khathuni. (1)
- 1.2.9 Ukubhalwa kwexabiso lemali ngamagama amakhulu acacileyo
kwenzelwe ntoni? (1)
- 1.2.10 Uthini umyalezo ogqithiswa ngumzobi ngale khathuni? (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze usishwankathele ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo.
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabungadluli kumagama angama-60.
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

IIFASHONI ZIYAYIGQIBA IMALI YETHU

Ifashoni le ifana nolovane ukutshintsha-tshintsha. Uthi usajonge le yayizolo, ibe yile namhlanje, ibe yile yaa ngomso. Uthi usancoma le, kusuke kuvele enye ekumila kumbi ibe ngathi inomtsalane kunaleya yokuqala. Uthi usazama ukuthelekisa le ubuyibonile kusuke kuvele enye, ekhangeleka intle ngaphezu kwezo sele zikhona. Uyaxakeka xa kufuneka uthengile ude ngelinye ixesha uzifumane uchonga impahla engangqinelaniyo nokumila kwakho.

Uthengo lwefashoni ludlala indima enkulu, akukho mntu ufuna kuthiwe akalandeli. Ifashoni ibiza amaxabiso aphezulu, aqongqotha ipokotho, basale oonovenkile bezigobha amacala. Ongenayo imali efuneka ngaloo mzuzu uye azibone sele evula ityala elikhulu, aza kumana elibhatala. Omnye uye axolele ukulala engatyanga kunokuba aphoswe yilokhwe okanye yibhulukhwe ethile. Ingaba eneneni ikho imfuneko yefashoni?

Abantu abathethelela ifashoni bathi iliso liyadinwa kukusoloko libona into enye, nomzimba uyakruquka kukunxitywa into eluhlobo olunye. Bathi impahla imele itshintshe ngokuye ehamba amaxesha nangokuye zitshintsha iimfuno. Abasiki bempahla bamelwe ukuvulwa basebenzise iitalente zabo njengokuba kunjalo kwicala leenqwelo mafutha. Abachasi beifashoni bathi ayinambeko ifashoni kuba ifika impahla ebikade inxitywa ibukeka, iyidudulele bucala. Bathi akukho mahluko elaphini koko nje yindlela elisikwe ngayo le ingaqhelekanga. Abenzi beifashoni bakhohlisa iliso elithi lona lilukuhle ingqondo ngokuthi bakhuphe imifanekiso kumaphephandaba nakwiimagazini, njalo njalo. Le mifanekiso ibonisa abantu bevathe ezimbejembeje nezinomtsalane.

Ngokungathandabuzekiyo, uninzi lwefashoni luhle lunomtsalane. Ngelishwa into entle ayizuzeki lula. Ifashoni ifuna imali, imali ayizi lula. Eyona nto inzima kukuba ifashoni ifika phantse yonke imihla, ze kufuneke kukhutshwe imali kuthengwe. Kubalulekile ukuba noxa siyithanda ifashoni kodwa masilumke.

[Icatshulwe kwincwadi: *Amaxesha empucuko Sisingise phi na?*, D Yekela]

ICANDELO C: ULWIMI**UMBUZO 3**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**EZOMSEBENZI
NEZEMPELAVEKI**

Fumana okuninzi ngemali encinci ngokuthi uthenge iimpahla ongazinxiba e-ofisini uphinde uye ngazo ethekweni. Imbila yaswel'...



A

IMPELAVEKI
Ngokudibanisa ilokhwe nejezi evulekileyo yokuphola. Isihombo somqala neberrry, R235,00, lindondo, R220,00, isihombo sesihlahla, R225,00 nezihlangu ezipurple, R220,00

B

TSHINTSHA ISTAYILE
Ungenza nasiphi isinxibo sibe sesokuphola okanye sibe seseofisi ngokutshintsha izihombo. Iberet, R80,00, isikhafu, R90,00, izihlangu, R90,00 nebhanti elinwebekayo, R39,95.


[Icatshulwe kwiBona, 26 Meyi 2011 yaza yahlelwa]

- 3.1 Ucinga ukuba kutheni la magama aphezulu ebhalwe ngefonti enkulu? Nika izizathu zibe ziBINI. (2)
- 3.2 Chonga ibinzana apha kwesi sibhengezo-ntengiso elibonisa ukuba ezi mpahla zimlungile umntu nokuba uyaphi na. (1)
- 3.3 Esi sibhengezo-ntengiso sijoliswe kuluphi udidi lwabantu? (1)
- 3.4 Funda esi sivakalisi uze usilungise sifundeke kakuhle.
Ndiza kuya esikolweni ngale (ukuphela + iveki) (1)
- 3.5 Yintoni onokuyithenga ekwesi sibhengezo-ntengiso xa unama-R50,00? (1)
- 3.6 Gqibezela iqhalo elithi, 'Imbila yaswel' ...'. (1)
- 3.7 Ucinga ukuba izibhengezo-ntengiso ziluncedo kubathengi? Xhasa impendulo yakho? (2)
- 3.8 Kutheni iimpahla eziku-A zibekwe ngale ndlela? (1)

[10]

UMBUZO 4

Jonga le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo



[Ithatyathwe kwi-intanethi yaze yahlelwa]

- 4.1 Ngokwekhathuni, kuxesha nini apha? (1)
- 4.2 Nika isizathu sempendulo oyinike kuMBUZO 4.1. (1)
- 4.3 Cacisa eli qhalo lithi, 'Isala kutyelwa sibona ngolophu.' (2)
- 4.4 Ibonisa ntoni inkangeleko yobuso baba bantu? (1)
- 4.5 Sesiphi isixhobo sokholo esiphethwe ngulo mntu ume ngaphambili? (1)
- 4.6 Isakhi u-'ni' esikrwelelwe umgca ku- 'Yizani' sibonisa ntoni? (1)
- 4.7 Ukukhulula izihlangu kubonisa ntoni kwaba bantu? (1)
- 4.8 Ucinga ukuba yintoni injongo yalo mntu uhleli phantsi ngokuthi abantu mabajonge eZulwini abe yena ebala imali? (2)

[10]

UMBUZO 5.1

5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

NONOPHELA IMPILO YAKHO

Nantsi imiqathango ebalulekileyo:

Hlamba izandla phambi kokuba usebenze ngokutya naphambi kokuba utye. Musa ukusika inyama ekrwada nemifuno ngaxeshanye kwibhodi yakho yokunqunqela. Hlamba zonke iindawo osebenzela kuzo nezixhobo zokuphekela ngamanzi acocekileyo. Gcina inyama yakho ekrwada ecaleni. Ungaze unyibilikise ukutya okukhenkciweyo ngobushushu obusegumbini. Kunyibilikise ngamanzi ashushu. Xa ufudumeza umbeko, qiniseka ukuba ufudumala ngokupheleleyo. Sukuwugcina ngaphezu kweentsuku ezintathu umbeko efrijini. Ungaze uyitye inyama yenkukhu okanye intlanzi ekrwada. Yonke inyama yiphekisise ukubulala iintshulube neentsholongwane ezinokuthi zibe khona. Ungaze uyitye inyama yesilwanyana esizifeleyo.

[Icatshulwe kwiBona, Novemba 2010 yaza yahlelwa]

- 5.1.1 Xela ukuba igama u- 'hlamba' elikrwelelwe umgca ngaphantsi lisetyenziswe njani. (1)
- 5.1.2 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo evumayo.
Musa ukusika inyama ekrwada nemifuno ngaxeshanye. (1)
- 5.1.3 Lungisa igama elikwizibiyeli kwesi sivakalisi.
(Nyibilika) inyama ngamanzi ashushu. (1)
- 5.1.4 Landelelanisa la magama ngokwendlela amele ukuvela ngayo kwisichazi- magama:
A Intshulube (½)
B Inyama (½)
C Intlanzi (½)
D Imifuno (½)
- 5.1.5 Nika isichasi segama, 'ekrwada' obhalwe ngqindilili wakrwelelwa umgca ngaphantsi. (1)
- 5.1.6 Sebenzisa isifanekisozwi esifanelekileyo kwezi ukuze isivakalisi sibe nentsingiselo ephuhlileyo:
Luvale (gabalala/tshwa/ngci) ucango lwefriji xa ugqiba kufaka inyama. (1)

- 5.1.7 Isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi sizisa ntsingiselo ni?
Yonke inyama yiphekisise ukubulala iintshulube neentsholongwane. (2)
- 5.1.8 Qala esi sivakalisi ngegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi.
Umama utya inyama. (1)
- 5.1.9 Nika igama elinye endaweni yesi sivakalisi.
Ukutya okuvuthiweyo okuleleyo. (1)
- 5.1.10 Bhala esi sivakalisi sibe kwixesha eladlulayo.
Umpheki usika inyama nemifuno ngemela enye. (1)
- 5.1.11 Hlahlela esi sivakalisi ukhuphe igatya eliyintloko negatya elayamileyo. Zalisa le theyibhile ilandelayo.

Inyama yifake efrijini, ingonakali.

Igatya eliyintloko	A
Igatya elayamileyo	B

(2)

- 5.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



- 5.2.1 Khetha elona gama lichanekileyo.
Isinxibo saba bantu bakulo mfanekiso sibonisa (ukuphucuka, inkubeko, uchubeko). (1)

- 5.2.2 Lungisa igama elikwizibiyeli lifundeke kakuhle.
Amakhwenkwe namantombazana (ima). (1)
- 5.2.3 Bhala isimelabizo soqobo endaweni yesibizo esinomgca ngaphantsi. (1)
Amakhwenkwe athwele iminqwazi.
- 5.2.4 Nika isinciphiso seli gama, iminqwazi. (1)
- 5.2.5 Guqula le ntetho ibe kwingxelo-ntetho. Qala ngolu hlobo: Umama uthethe ... (2)
'Thina maXhosa siyazingca ngobuXhosa bethu,' utshilo umama. [20]
- AMANQAKU ECANDELO C: 40**
AMANQAKU EWONKE: 80



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2011

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-15.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

1.1 Mpumelelo

- Uzotywe wangumlinganiswa okrelekrele.
- Uzotywe wangumlinganiswa olithandazwe.
- Ungumlinganiswa ozixabisileyo izizalwane zakhe.
- Ungumlinganiswa okwaziyo ukumelana neenkxwaleko neenzima zobomi.
- Ungumlinganiswa onentlonipho, imbeko, intobeko, ubulali novelwano.
- Ungumlinganiswa ozibandakanyayo kumaphulo enkqubela asekuhlaleni.
- Akayithandi into embi.
- Uzotywe wangumlinganiswa onxanelwe ulwazi.

1.2 Lungile

- Uzotywe wangumlinganiswa olungileyo.
- Ungumlinganiswa oluthandayo usapho lwakhe.
- Ungumlinganiswa onenkqubela.
- Ungumlinganiswa onyamezelayo.
- Ubaxabisile abantu.
- Ungumlinganiswa okrelekrele.
- Ungumlunganiswa onomqolo.

1.3 Nozililo

- Uzotywe wangumlinganiswa ongumphixanisi.
- Ungumlinganiswa ongolileyo.
- Ungumlinganiswa onomona.
- Ungumlinganiswa ongumkohlisi.
- Ungumlinganiswa onguzwilakhe emzini wakhe.
- Unyolukile.
- Uthanda mamawonga.

[35]

OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

- 2.1 Isixelela ukuba le nto ayiphumi kuye/ayisuki kuye√/Uthembisa uyayimamela imithetho yabazali bakhe.√ (1)

- 2.2 A Ingcinga enye esoloko isetyenziswa ngabantu abathile xa kuthethwa ngento ethile. ✓/A✓/ Ingcinga enye esoloko isetyenziswa ngabantu abathile xa kuthethwa ngento ethile. ✓ (1)
- 2.3 Kukungafuni kukaGobidolo ukufundisa umntwana wakhe kuba eyintombazana. ✓ (1)
- 2.4 NguNgxowankulu ✓ (1)
- 2.5 Ukuthetha into engenasihlahla ✓✓/ukuthetha into engavakaliyo ✓✓/imfitshimfitshi ✓✓/into engekho ✓✓/imfungumfungu/ indebelefele. ✓✓ (2)
- 2.6 Usaya kubonisana noGobidolo ngokubaluleka kwemfundo nokufundisa umntwana oyintombazana ✓✓/ucinga ukuba xa ethetha naye ngokwakhe uza kujika ingqondo ✓✓/unomdla ngekamva likaThembisa. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 2.7 Uphelelwe lithemba kuba uyamazi utata wakhe ukuba akayifuni imfundo ✓✓/ selethembele kutitshala qha. ✓✓ (2)
- 2.8 UThembisa wavunyelwa ukuba ahambe notitshala amfundise ngokwakhe. ✓ (1)
- 2.9 Wabonakalisa ukukwazi ukuyimela into ayithethayo ✓✓/azange amnike nethuba elincinci lokuthetha utitshala emngxamela ✓✓/wabonisa ukungayikhathaleli kwakhe imfundo/wabonalisa ubukrwada ✓✓/wabonakalisa ubuqaba, wamjongela phantsi ititshala. ✓✓ (2)
- 2.10 Hayi, ayamkelekanga kuba nokuba into awuhambisani nayo kufuneka ubenendlela yokuyithetha emntwini. ✓✓

OKANYE

- Ewe, akukho mntu makamxelele into amakayenze ngomntwana wakhe. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 2.11 Unguzwilakhe ongafuni kuboniswa ✓✓/akajiki kwinto ayithethayo. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 2.12 Abonisa indlela uGobidolo amngenelela ngayo esathetha utitshala ✓/
Umqhawula kwintetho yakhe ✓/ Umngene emlonyeni. ✓ (1)
- 2.13 Kukunxila ✓/amantombazana awatshati/awendi ✓✓/abakwazi ukufuya ✓/
bazizilambi ✓/ abahambi mitshotsho ✓✓/ababethi ngqongqo. ✓ (1)
- 2.14 Undixoxisa ungayeki nje uhlotshwa yintoni ✓✓/ Umnkqangisa ngezinto zomzi wakhe ✓✓/uzikhathaza ngantoni ngomntwana wakhe. ✓✓ (2)

- 2.15 ETheko√ (1)
- 2.16 Iqaqambisa ukuba unomsindo√ /uyacaphuka√/
Indelelo√/uyagrogrisa√/uyoyikisa.√ (1)
- 2.17 Kukubetha abantwana√/kukohlwaya abantwana√ (1)
- 2.18 Kukungahambi migidi√/abatshili√/ababethi ngqongqo.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (1)
- 2.19 Unqande umyeni wakhe ukuba makamamele utitshala√/uxelele umyeni
wakhe ukuba akazukumfundisa ngemali yakhe uThembisa uza kufundiswa
ngemali katitshala. √ (2)
- 2.20 A Wayexoxa umcimbi wobulawu.√/A√/Wayexoxa umcimbi wobulawu. √ (1)
- 2.21 Wathi yayizizinto nje zakudala ezo, azinakuba salandwa.√ (1)
- 2.22 Asiyonyani, watshata noMpumelelo Ntsibande.√√ (2)
- 2.23 UGobidolo ubona imfundo ingelolutho ngenxa yezimo zabantu abafundileyo
kuba bengezozityebi bengenamfuyo√√/ubona njengelahleko ukufundisa
intombazana ufuna yende/ubabona bezizilambi.√√ (2)
- 2.24 Ewe, uyixabisile imfundo nobukrelekrele bukaThembisa√√/njengamntu
ufundileyo umele ukuba abe noxanduva aluthathayo ekuphuculeni ubomi
babantu. √√

OKANYE

Hayi, ebenokuyeka umzali athathe isigqibo ngekamva lomntwana wakhe. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.)

(2)

[35]

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

UMQOL' UPHANDLE – PM Ngani

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

3.1 Eddie Maga

- Ngumlinganiswa onomqolo ongajikiyo kwinto ayithethayo/akawexuleki.
- Ngumchasi wezenzo zolwaphulo-mthetho.
- Ungumlinganiswa ongabeki iifuno zakhe phambi kwezabanye abantu.
- Akasosinyolunyolu.
- Ungumlinganiswa okrelekrele nolumkileyo.
- Uzotywe wangumlinganiswa ongudlalani.
- Uzotywe wangumlinganiswa oneempawu zobunkokheli.
- Ungumlinganiswa othandekayo nongumntu-gqibi.

- Akanankathalo kubantu abasondele kuye.

3.2 Linda Monti

- Uzotywe wangumntu-gqibi.
- Ungumlinganiswa obathemba kakhulu abanye abantu.
- Uzotywe wangumlinganiswa othobekileyo, onothando, onobulali noxabise abantu.
- Uzotywe wangumlinganiswa ozibhakaxayo entweni.
- Ungumlinganiswa obhetyebhetye.
- Akanankathalo uLinda.

3.3

Thembisa Ntloko

- Uzotywe wangumlinganiswa onenkohliso.
- Ungumlinganiswa okhohlakeleyo/ongcolileyo.
- Uyinyolukele kakhulu imali.
- Unobutsotsi.

3.4 Duma Hlelo

- Ungumlinganiswa obathembayo abantu.
- Ungumlinganiswa othembakeleyo.
- Uzotywe wangumlinganiswa onembeko nothandekayo.

[35]

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMQOL' UPHANDLE – PM Ngani

4.1 Uthetha ukuba abantu babembalwa enkundleni/Inkundla yayingagcwelanga. (1)

4.2 *KwaFemina House* (1)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

- 4.3 Yinto yokuba loo bhatyi yenye yezinto ezibangela ukuba uLinda akrokreleke ekubulaleni uEddie noLulama. ✓ (1)
- 4.4 NguDick Hlobo✓ (1)
- 4.5 Ligqwetha likaLinda✓ (1)
- 4.6 Ngunobuhle wodumo waseMonti✓ (1)
- 4.7 NguEddie Maga ✓ noLulama Zuma/Lulu✓ (2)
- 4.8 Inenekazi elangena *eRio Cinema* ngomhla wokufa kukaEddie noLulu lalinxibe idyasi efana nekaLinda. Umpu owabulala uEddie noLulama yi *.38 Automatic* efana nekaLinda. Imoto eyayiqhutywa ngumbulali isebenzisa *iRoad Masters Tyres* kwaye uLinda usebenzisa olu hlobo lwamavili. ULinda wakhululela uEddie ukuba ayokubukela umfanekiso bhanyabhanya nesinye isithandwa sakhe ngeleta. ✓✓✓ (3)
- (Nasiphi isithathu) (3)
- 4.9 Uthe uLinda akaphilanga ukhathazwa yintliziyo, wanika nengxelo kagqirha/uthe uLinda ngumntu owaziwayo noxabisekileyo, othe wabekwa emawongeni ngenxa yokuthenjwa/amapolisa ayayazi indlela athe waziphatha kakuhle ngayo ngexesha abevalelwe ngalo. ✓✓ (2)
- (Nasiphi isibini) (2)
- 4.10 Ngugqirha✓ (1)
- 4.11 Intsasa ebandayo, ibonisa ukuba izinto azizubantle kwaphela ngale mini, ✓ iingqimba zamafu amhlophe athe gqume, abonisa intlungu uLinda akuyo kodwa kuyacaca ukuba akenzanga nto yiyo le nto umbhali asebenzise amafu amhlophe,✓ ilitha lelanga elingqunga ngaphaya kwamafu elifuna ukutyhoboza, libonisa ukuba ikhona inyani eza kumkhulula uLinda.✓ (3)
- 4.12 Umfanekiso-ngqondweni womntu otyebileyo✓✓/ngumntu owondlekileyo✓✓/oneziphika neengalo ezinkulu✓✓/orhaphilili ziindevu✓✓/uyoyikeka nje umjongile.✓✓ (2)
- 4.13 Ngexesha uLinda alwa noDick kwakhe uDuma wangenelela walwisa usisi wakhe wabetha uDick ngentsimbi entloko.✓✓/UDuma nguye otsalele igqwetha likaLinda umnxeba elazisa ngokubanjwa kukaLinda✓✓/UDuma zange athandabuze ukuba usisi wakhe akanatyala✓✓/Nasenkundleni yayinguye kuphela owayehleli kwizihlalo zabaphulaphuli✓✓/Ebemana eyokumvelela etrongweni usisi wakhe.✓✓ (2)
- 4.14 Ibonisa ukuzithemba kuba uyazazi ukuba akabulalanga mntu yena/ukruqukile kukubuzwa into angayenzanga✓✓/uyabona ukuba abantu abamkholelwa✓✓/akakhathali✓✓/akayihoyanga yonke le nto iqhubekayo✓✓/akabuboni ubunzulu bale meko akuyo✓✓/ibonisa indelelo✓✓/Ukungoyiki kwanto✓✓/ubuqhaji/ukungabi namava ngendlela yokuziphatha phambi komantyi.✓✓ (2)

- 4.15 B Utyholwa ngesenzo sobugwinta ekuxhomekeke kuwe ukuzikhupha kuso.√/B√/ Utyholwa ngesenzo sobugwinta ekuxhomekeke kuwe ukuzikhupha kuso.√ (1)
- 4.16 Imeko akuyo uLinda yokuba libanjwa ayizange imtshintshe wavela eleliya nenekazi laziwayo√√/umbhali usivezela ngantlanye ukuba uLinda akanasazela santo ngesi sinxibo asinxibileyo√√/imeko akuyo ayimdobelelanga, usenguye.√√ (2)
- 4.17 Ubungqina bukasajini Ngqondi bukhokhelele ekubeni uLinda alelwe isicelo sebheyile kuba kusithiwa angabutyumza lula ubungqina.√√ (2)
- 4.18 Ewe, ngokobungqina obuphambi komantyi, ityala likhulu linamasolotya amaninzi kwaye nobungqina bu-ethe-ethe, ukuphuma kwakhe kungaphazamisa uphando. √√

OKANYE

- Hayi, lilungelo likaLinda kuba kufuneka athathwe ngokuba umsulwa ade afunyanwe enetyala√√/inkundla ibifanele ukuba iyithathele ingqalelo impilo kaLinda ebuthathaka√√/iwonga lakhe lasekuhlaleni kufanele limthethelele. √√ (2)
- 4.19 UHlobo uxelelwe nguDuma Hlelo ukuba abantu base*Moonglow* bebefikile bangena emotweni kasisi wakhe/umpu kaLinda awufumene esipajini uwubambe ngezandla engacingelanga nto√/ukufumanisa ukuba ukhona omnye umntu onedyasi efana nekaLinda√/ubungqina *betape recorder* eyashiywa nguEddie ibavelise ngqo ababulali. √ (3)
- 4.20 Ukuba bendiguye ukugqitha kwetyala bendiza kummangalela urhulumente andibhatale ngokundivalela ixesha elide ndingenatyala√√/bendiza kubulela ukuba lide laphela ityala ndafunyaniswa ndimsulwa√√/bendingazukwenza nto. √√ (2)
- (Nayiphi impendulo evakalayo iya kwamkeleka) [35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

5.1 Mawonga

- Uzotywe wangumlinganiswa omnyamezelayo nomthantamisayo umntu.
- Ungumlinganiswa oneempawu zobunkokheli.
- Ungumlinganiswa oneempawu zobutyhakala.
- Ungumlinganiswa onobuzwilakhe neenkani.
- Ungumlinganiswa ongathembekanga.

5.2 Ndila

- Uzotywe wangumlinganiswa onendelelo nongenantlonipho.
- Ungumlinganiswa ongakwaziyo ukuzeyisa.
- Ungumlinganiswa ongengomzekelo mhle.
- Akanyanisekanga emtshatweni wakhe.
- Ungumlinganiswa onenzondo.
- Ungumlinganiswa okhohlakeleyo.

5.3 Madala

- Uzotywe wangumlinganiswa oyinyolukele kakhulu imali.
- Ungumlinganiswa ongenantlonipho kubantu ababhinqileyo, unentlamba.
- Ungumlinganiswa ongenabuthandazwe.
- Ungumlinganiswa ongengomzekelo njengenkokheli.

[35]

OKANYE

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

- 6.1 NgoLoni/ngoMawonga ✓ (1)
- 6.2 Uyanxila esikolweni. ✓ (1)
- 6.3 Lilokonya ✓✓/uthengisa ngabantu ✓✓/akathembekanga ✓✓/uyinyoka enobungozi ✓✓/uzenza umhlobo womntu kanti umtya izithende ✓✓/uthanda izikhundla ✓✓/usebenzisa abanye abantu ukuze afumane into ayifunayo. ✓✓ (2)
- 6.4 Lelokuba uLoni agxothwe, aphelelwe esikolweni. ✓✓ (2)
- 6.5 UMadala ngusihlalo wekomiti yesikolo. ✓ (1)

- 6.6 Le ntetho ithetha ukuba uMadala uzenza ngathi akaqondi kodwa lichule lokwenza izinto✓✓/uyayiqonda into ekuthethwa ngayo uyazenzisa. ✓✓ (2)
- 6.7 UMaziko utsho kuMadala namalungu ekomiti.✓ (1)
- 6.8 Isidanga atshila ngaso uLoni kukuya esikolweni enxilile✓/Kukusela utywala esikolweni.✓ (1)
- 6.9 Injongo kukukhupha uLoni kwisikhundla sobunqununu kungene yena. ✓✓ (2)
- 6.10 Uthi uMadala abakafumani mntu oza kungena ezihlangwini zakhe.✓ (1)
- 6.11 UMaziko wadana yile mpendulo kuba wayecinga ukuba uMadala uza kuthi makungene yena kwisikhundla sobunqununu.✓✓ (2)
- 6.12 Ewe, kuba ufuna kuphucuke umgangatho wesikolo owehliswa sisimo sokunxila kukaLoni. ✓✓

OKANYE

- Hayi, akakhathali ngakamva labantwana ngaphandle kokuba elungiselela isiqu sakhe.✓✓ (2)
- 6.13 Wayedanile kukuba kanti uMadala akamboni efanelekile kwesi sikhundla✓/ufumene impendulo angayilindelanga.✓ (1)
- 6.14 C UMadala ujonge omnye umntu ngaphandle kwakhe.✓/C✓/ UMadala ujonge omnye umntu ngaphandle kwakhe.✓ (1)
- 6.15 Bangamaphuthi ahlath'inye kuba bobabini abakwenzayo bakwenzela ukufezekisa iimfuno neminqweno yabo nangona beziinkokheli ezibekwe ngokuthenjwa luluntu. ✓✓
- (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 6.16 Ewe, kuba akumnandanga ukuphelelwa ngumsebenzi unosapho. ✓✓

OKANYE

- Hayi, uzenze ngokwakhe/ubulala ikamva labantwana aba abafundisayo. ✓✓
- (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 6.17 UMaziko uthi akafundisi ibanga lesithandathu, lifundiswa nguLoni. ✓ (1)
- 6.18 Nokuba ningaya nanini na esikolweni nakufika enxile kakhulu. ✓✓
- (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (2)
- 6.19 Makubekho into amnika yona ukuze enze ngokwesicelo sakhe✓✓/makanyobe✓✓/makenze into✓✓/makachame. ✓✓ (2)

- 6.20 Ewe, baninzi abantu abaphelelwa ngumsebenzi ngenxa yokungakwazi ukuziphatha. Kumele umntu aphelelwe emsebenzini xa engakwazi ukuzeyisa/ukuziphatha/xa esenza izinto ezingamkelekanga emsebenzini. √√

OKANYE

- Hayi, andizange ndiyibone isenzeka. √√ (2)
- 6.21 Uzama ukusibonisa ukuba bakhona abantu abasebenzisa izikhundla ngendlela engeyiyo ukuze bazuze/asingabo bonke abantu abasezikhundleni abazifaneleyo ezo zikhundla babekwe kuzo/uzama ukusibonisa ukuba bakhona abantu abasezikhundleni abenza izinto ezingamkelekanga. √√ (2)
- 6.22 Wafa√/wabhubha/wasweleka. √ (1)
- 6.23 ULoni wagxothwa emsebenzini, uMaziko wasifumana isikhundla sokuba yinqununu.√ (1)

[35]

AMANQAKU ECANDELO B: [35]

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

Umfundi angacangcatha kwezi ngongoma:

Mathidala

- Uzotywe wangumlinganiswa onesandla esigadalala kusapho lwakhe.
- Ungumlinganiswa ongayixabisanga imfundo.
- Ungumlinganiswa oligqolo.
- Ungumlinganiswa onobuzwilakhe.
- Ungumlinganiswa othanda izisulu/inzuzo.

[35]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMHLAHLA NGAMEHLO – LL Ngewu

- 8.1 NguZolani Mthi ✓ (1)
- 8.2 UZolani ebefuna ukudlwengula uNonkanyezi//sidityholo sokuzama ukudlwengula uNonkanyezi. ✓ (1)
- 8.3 Ithetha ukuba akayi kuliphumelela ityala/akazi kuliwina ityala/liza kumlahla ityala ✓✓ (2)
- 8.4 Sesokuba wayezazi ukuba unobuchule bokubhungca nangona ityala enalo✓/uyakwazi ukutyhola umntu engenatyala✓/uyakwazi ukuwisela ityala komnye umntu. ✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (1)
- 8.5 Ukuba bendinokumhlobo kaNonkanyezi bendinokumncoma ngokuba nesibindi nokuzithemba/bendinokumxelela ukuba ulikhalipha eliyimelayo inyaniso nokuba sele egrogriswa/bendinokumbamba isandla ndithi impumelelo yakhe yeyamantombazana onke, ingakumbi lawo adlwengulweyo. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 8.6 ... unomthi kanomyayi ...✓ (1)
- 8.7 Akaqali ukuyenza. '... yaye kudala ekweli khondo/' '... umchopheli weli tyala angayenzi impazamo yokucinga ukuba le nkewu iyaqala ukutyhilizela abantu abaselula basetyhini kweli tyholo lenkohlakalo'. ✓✓ (2)
- 8.8 Ubungqina obubonakalayo yimikrwelo yeenzipho✓/ukuphalwa ngeenzipho.✓ (1)
- 8.9 A Ngumntu onelizwi elitshileyo.✓/A✓/Ngumntu onelizwi elitshileyo✓ (1)
- 8.10 Kukunyotywa ukuze uliwine ityala/ukulithenga ityala.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 8.11 UZolani wagwetywa ubomi bakhe bonke entolongweni. ✓ (1)
- 8.12 Umtshutshisi ufuna umantyi omtsha ayazi ukuba akaqali uZolani ukumangalelwa ngokudlwengula.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 8.13 Ebeza kugezela uNonkanyezi nabanye akhe wabadlwengula/ebeza kuphinda abadlwengule/ebeza kuhamba edlisela ngokuwina ityala. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

- 8.14 UNompoxeko zange azilwele amkrwempe eneenzipho ezinde, kanti uNonkanyezi yena umkrwempe ngeenzipho zakhe ezimfutshane√√ / Nompoxeko zange alile enelizwi, kanti uNonkanyezi walila noxa esisitshotho.√√
(Nayiphi enye kwezi iya kwamkeleka.) (2)
- 8.15 Ewe, wayefuna umantyi agwebe enolwazi lwayo yonke inyaniso ngoZolani.√√
- OKANYE**
- Hayi, ngemyekile umantyi amamele ityala athathe isigqibo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 8.16 Ligorha/likroti, uzilwele akaphelela apho waya enkundleni nto leyo amanye amantombazana ayoyikayo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 8.17 Ewe, sichanekile ngokomxholo webali kuba uZolani kudala eyenza le nto angabanjwa, sele emangalelwe asinde.√√ (2)
- 8.18 Akukho nto isekufihlakaleni ingasayi kutyhilwa√√/inyani iyavela ayifihlakali kuphele√√/abantu abaxhaphaza abantu basetyhini kufanele banikwe isigwebo esiqatha√√/ukuxhatshazwa kwabantu basetyhini kuthathelwe ingqalelo√√/Sisifundo nakwabanye abangekayenzi.√√ (2)
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.)
- 8.19 Uzama ukuvelisa indlela embi abantu ababhinqileyo abaphatheka ngayo ezinkundleni kumatyala odlwengulo. Ibenza bazive behlazekile baphele besoyika ukuya ngaphambili xa bedlwengulwe/indlela iinkundla zamatyala eziwaphatha ngayo amatyala odlwengulo iyabacinezela abantu ababhinqileyo/babaleka ukwenziwa intlekisa/abonakalisa ukungazithembi iinkundla zamatyala ukuba zingachophela amatyala abo ngempumelelo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 8.20 Hayi, wayezile mhla kwakuxoxwa ityala likaNompoxeko noZolani.√√ (2)
- 8.21 'Sithe sakuwa isigwebo, wadidizela wada wawa isiduli ...'√√ (2)

[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE

VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

limbongi zakwaNtu – LT Manyase

- 9.1 Luphindaphindo oluxwesileyo.√ (1)
- 9.2 Ifuna ukumanyelwa/yimvula-mlomo/icela iindlebe √ (1)
- 9.3 Umfanekiso-ngqondweni womntu othe emveni kokwaziswa ngento ethile wacacelwa, kwathi qwenge. √ (1)
- 9.4 'Ndifuna indoda enomoya ethetha inyaniso.'√/ (1)
- 9.5 Umntu othetha into ayithunyiweyo√√/umntu ogqithisa umyalezo wento ayityhilelweyo ngabaphantsi okanye nguThixo.√√ (2)
- 9.6 C Engenantsingiselo engadali luvakalelo.√/C√/Engenantsingiselo engadali luvakalelo.√ (1)
- 9.7 Imbongi eliqobola nengeyombongi kakuhle ithetha izinto ezingaginyekiyo kuluntu√/iyathuka√/izinto ezimjongela phantsi omnye umntu. √ (1)
- 9.8 Umntu onokuthetha ngeembongi ngonento ayithunyiweyo√√/okrelekrele√√/ozaziyo ukubaluleka kwazo√√/ othetha inyani nento ebhadlileyo√√/ (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 9.9 Ziimbongi zomthonyama√ (1)
- 9.10 Umsebenzi wazo kukungcwalisa, ukomeleza nokuqinisa iinkosi ngendlela yokuphatha√ (1)
- 9.11 Ziyomeleza/ziyathuthuzela/ziyakwazi ukuyitshintsha imeko √ (1)
- 9.12 Iwubhala phantsi umbongo wayo. √ (1)
- 9.13 limbongi zakwaNtu zimele ukuxatyiswa kuba zinendima enkulu eziyidlalayo ekwakheni isizwe/iimbongi ngabantu abanyuliweyo abanomsebenzi ongowabo bodwa esizweni.√√ (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
- 9.14 Ewe, kuba zingabacebisi beenkosi/zihlupheza xa kuyiwa emfazweni/zikhumbuza ngamasiko nezithethe/zingabaniki themba nabadali boxolo.√ (1)

OKANYE

Hayi, izinto zeembongi zizinto zakudala ezingahambelaniyo namaxesha angoku.

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.)

(1½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Intaba kaNdoda – LS Ngcangata

- 10.1 A Ukuba abantu bamamele olu daba iza nalo./A/Ukuba abantu bamamele olu daba iza nalo.√ (1)
- 10.2 Kubantu besizwe sayo/bohlanga lwayo. √ (1)
- 10.3 Ukugxininisa kwembongi ibhekisa kubantu bonke. √ (1)
- 10.4 Yintaba eqaqambileyo ngokwasezimbalini, yintaba ebalelwa kwezinye intaba ezibalulekileyo/yintaba enodumo phakathi kwezinye intaba ezinodumo.√ (1)
- 10.5 Ithetha ukuba yintaba ende kakhulu ngokunga ifikelela esibhakabhakeni. √ (1)
- 10.6 Isifaniso. √ (1)
- 10.7 Imi ecaleni kwehlathi lakwaHoho.√ (1)
- 10.8 Ukuba neentloni √ (1)
- 10.9 Imbongi ithetha ukuthi ukuba le ntaba ibiyinto eguquguqukayo ngekukuninzi ekuthethayo ngayo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (1)
- 10.10 Umntu othetha angayeki ngenxa yovakalelo/ukuthetha ngamatshamba√ (1)
- 10.11 AmaXhosa ayazidla ngale ntaba kuba inembali yawo/amisa ngayo ezizweni, awanantloni ngayo ezizweni kuba ingemvelaphi yamaRharhabe. √√ (2)
- (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka)
- 10.12 Yinyani√ (½)
- 10.13 Waphumla.√ (1)
- 10.14 Ewe, kuba ulwazi olungembali lubalulekile ebantwini/abantu bayafuna ukwazi ngembali yabo.√√

OKANYE

Hayi, abanye abantu abanamdla kwizinto zembali. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.)

(2)

- 10.15 Ifuna ukwazisa abantu ngexabiso lale ntaba nokubaluleka kwayo ezimbalini/ityhila imbali yale ntaba ebantwini/abantu banqula kuyo le ntaba. √√ (2)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Ukungcwatywa kwetalente – C Nqakula

- 11.1 Ibhekisa kuyo. √ (1)
- 11.2 Yisoneti. Unemigca elishumi elinesine. √√ (2)
- 11.3 Imbongi iyazisola ngokuba ijongene nengcwaba kodwa kungekho nto iyishiyayo eza kuba lulutho esizweni sayo/imbongi izikisa ukucinga, izibona ingenanto inokuzingca ngayo, kuba akukho nto incomekayo iyenzele uluntu. Izibone iza kufa ingabanga nagalelo ekuphuculeni impilo yabantu, bayeke ukuphila impilo yokuhlupheka. √√ (2)
- 11.4 Ithi akukho msebenzi mhle iwushiyayo eluntwini. √ (1)
- 11.5 A Esingqibayo. √/A√/Esingqibayo√ (1)
- 11.6 Wonke umntu unika inkxaso noncedo kwabanye abantu. √√ (2)
- 11.7 "Kumntu ngamnye ebomini kulindeleke imisebenzi". √ (2)
- 11.8 "Njengokuba sendisondele kangakanana ngoku ekufeni." √ (1)
- 11.9 Ewe, kuba xa ungumntu awuphileli wena wedwa, kufuneka ube luncedo kwabanye ngeziphiso zakho. √√

OKANYE

Hayi, italente yeyakho akunyanzelekanga ukuba kuxhamle omnye umntu. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (1½)

- 11.10 Ewe, kuba siqulethe intsingiselo yalo mbongo ethi italente onazo zezokuba ube luncedo/uxhase ngazo esizweni abantu baphile ngawe. √√ (2)
- 11.11 Imisebenzi yethu mayixhanyulwe luluntu lonke, iziphiso zethu sizisebenzisele ukunceda isizwe/masingabi luncedo kuphela kwiindawo esikuzo masizame ukufikelela kuzo zonke izinto ezidinga uncedo lwethu, iziphiso zethu sinikele ngazo esizweni. √√ (2)
(17½)

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Inkonjane – VV Sigonya

- 12.1 Okwengelosi√, sisifaniso√ (2)
- 12.2 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso/wokubonwayo.√ (1)
- 12.3 Umbhali, intliziyo yakhe ithabathekile bubuhle bale ntokazi, kwadaleka uchukumiseko kuye ngaphakathi, weva ngathi kukho ilizwi elimxelelayo ukuba yeyakhe. Waziva eyithanda engakwazi ukuzibamba√√ (2)
- 12.4 Ujonge ngendlela ezingileyo, eyithe ntsho-o ngamehlo, engaqhwanyazi ngokunga uyayixilonga.√√ (2)
- 12.5 B Ohamba ngokuzidla nangokuzithemba.√/B√/Ohamba ngokuzidla nangokuzithemba.√ (1)
- 12.6 Ibonisa ukuba imbongi yathabatheka yindlela econdoba ngayo le ntokazi, amehlo ayo ayenamathele, iwamilisele kule ntokazi, iyibuka.√ (1)
- 12.7 Ngumbongo-nkcazo√ (1)
- 12.8 Imbongi yonwabile kuba ithetha ngomntu emthandayo√ (1)
- 12.9 Ithetha ukuba ayinasiphene/igqibelele.√√Ithetha ukuba intle kwaye igqibelele/ithetha ukuba iyimfezeko. √√ (1½)
- 12.10 Yimvano-siphelo√ (1)
- 12.11 Isinika umfanekiso wobuhle nenkangeleko yangaphandle yalo mntu ithetha ngaye nendlela eyathabatheka ngayo izaliswe luthando yakumbona. √√ (2)
- 12.12 Imbongi ivakalisa ukuxhwileka komphefumlo bubuhle, ingqibelelo, ukuqaqamba kwale nzwakazi ithetha ngayo.√√ (2)
- (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2011

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-22.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiququlatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D:	Isihobe	(35)
4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B noC. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.
6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omde	35	5
OKANYE			
2. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omfutshane	35	5
OKANYE			
3. <i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omde	35	7
OKANYE			
4. <i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omfutshane	35	8
ICANDELO B: IDRAMA			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
5. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omde	35	10
OKANYE			
6. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omfutshane	35	10
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
7. <i>Umntu akalahlwa</i>	Umbuzo omde	35	13
OKANYE			
8. <i>Umhlahlo ngamehlo</i>	Umbuzo omfutshane	35	13
ICANDELO D: ISIHOBE			
Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo.			
9. <i>Iimbongi zakwaNtu</i>	Umbuzo omfutshane	17½	16
OKANYE			
10. <i>Intaba kaNdoda</i>	Umbuzo omfutshane	17½	18
OKANYE			
11. <i>Ukungcwatywa kwetalente</i>	Umbuzo omfutshane	17½	20
OKANYE			
12. <i>Inkonjane</i>	Umbuzo omfutshane	17½	21

ULUHLU LOKUKHANGELA

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	1–4	1	
	OKANYE		
B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	5–6	1	
	OKANYE		
C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7–8	1	
	OKANYE		
D: Isihobe	9–12	2	

QAPHELA: Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B noC.
Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

Bonisa indlela umbhali abazobe ngayo aba balinganiswa balandelayo (240 amagama):

- 1.1 Mpumelelo Ntsibande
- 1.2 Lungile Ntsibande
- 1.3 Nozililo Makhwetshu

[35]**OKANYE****UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Uthi kutheni na Thembisa, uza kuya emtshotshweni?' ibuzile ititshala yakhe yakube ibuza ngokuba uza kuthini na kunyaka olandelayo akuba ephumelele.

'Ewe, titshala, kutsho utata. Uthi yena akanaxesha lokufundisa intombazana kwaye akanamali yakuyichitha kuloo mfeketho.'

'Sisimanga noko esi sikaGobidolo edibene noNowenti lowa. Khona sekusithiwa abantu babomvu madoda, yakha yakho into yokuba bangathi beneegusha ezingakaya kweli xesha sinalo, babe besathetha lo nobenani? Kulungile Thembisa ndiza kukhe ndidibane naye,' utshilo utitshala uNgxowankulu owayeyinqununu kwisikolo awayefunda kuso.

'Hayi titshala, ndiya kuncama xa ubuya nento,' itshilo intombi ngelokuncama kubonakala ukuba ibindekile yakucinga ngoogxa bayo ababesebevunyiwe kwezinye izikolo kulo nyaka wabo ulandelayo. Eneneni bathe bakudibana noGobidolo basunduzana ngokwenyani, lingaxoxi ityathangubo libile limanzi. Phulaphula:

'He mfanandini kaNgxowankulu, uqinis' imihlathi undixambulisa emzini wam nje, uzikhathaza ngantoni ngomntwana wam? Yinto obuyikhathalele ngantoni le yokusuka ngapha eTheko uze kubhuda apha? Bekuthiwe kuba ndiliqaba andiyazi into endiyenzayo kakade ngomntwana wam? Nicinga ukuba ndithe nqa yile mfundo yenu undixelela ngayo? Imfundo yakha yenzela bani, ntoni? Naku nangoku nizizilambi makhumshandini angenazo neenkomo ezi kodwa kuthiwa nifundile. Nifunde ntoni xa ningakwazi nokufuya oku?'

'Hayi kaloku Khuboni ndi ...'

'Musa ukungxama mfana ndiyathetha. Ndithi kuloo mfundo undixelela ngayo, asihlaliswanga kakubi kukunxilelwa ngaba bantwana kuthiwa bafundile, kule migidi?' Uthe ukuba afike apho wamthi ntsho ngamehlo utitshala elindele impendulo. Uthe cwaka utitshala ngokuqonda ukuba usengozini kuba eli qaba beselimana ukuyinyola intonga le likhwenkxa ingubo futhi.

'Ndithi kuwe akuziboni iintombi zooSasayi ukuba zizishumane ezancama ukwenda kuba kaloku zifundile akukho nto ziyaziyo ngaphandle kokusoloko zibetha aba bantwana bethu kwesiya sikolo sidlakadlaka siya kuze siwele aba bantwana ngenye imini.'

'Ndinomntwana ke mna ongabhitya ade abe ziintsasa ngenxa yokomela esikolweni ngenxa yokuba kusithiwa yititshanakazi. Kaloku zona azihambi migidi zitshile zibethe ingqongqo zize kubonwa ngabafana.'

'Mawo ... o ... o, ukuba akunanto iyenye uyizeleyo kulo mzi kaNgubengcuka, nankuya umnyango mfanam; uThembisa ufundile xa ekwazi ukundibhalela ileta ebiza imali yoboya beegusha zam.'

- 2.1 Impendulo kaThembisa ethi 'Ewe, titshala, kutsho utata ...', isixelela ntoni ngoThembisa? (1)
- 2.2 Into yokuba uGobidolo athi akanaxesha lokufundisa intombazana ibonisa:
- A Ingcinga enye esoloko isetyenziswa ngabantu abathile xa kuthethwa ngento ethile.
- B Ukucenga ngenjongo yokuba ubani avume.
- C Ulwimi olucacileyo nolutsolileyo. (1)
- 2.3 Yintoni le utitshala ayibiza ngokuba sisimanga? (1)
- 2.4 Nika igama likatitshala othetha noThembisa. (1)
- 2.5 Gqibezela esi sivakalisi ngokufakela impendulo echanekileyo.
- Ukuthetha unobenani kukuthetha ... (2)
- 2.6 Ucinga ukuba kutheni utitshala esiya ngokwakhe kutata kaThembisa? (2)
- 2.7 Intetho kaThembisa ethi, 'Ndiyakuncama xa ubuya nento,' ibonisa ntoni ngoThembisa? (2)
- 2.8 Saba yintoni isiphumo sale ndibano katitshala noGobidolo? (1)
- 2.9 Chaza ngendlela awaziphatha ngayo uGobidolo xa wayedibene notitshala. (2)
- 2.10 Ingaba le ndlela uGobidolo aye wathetha ngayo notitshala iyamkeleka kuwe? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 2.11 Le ndlela athethe ngayo uGobidolo xa ebethetha notitshala itolika ntoni ngoGobidolo? (2)
- 2.12 Abonisa ntoni la machaphaza mathathu kule ntetho katitshala ngoGobidolo:
- 'Hayi kaloku Khuboni ndi ...' (1)
- 2.13 Yintoni eyona nto ayicaphukelayo uGobidolo kubantu abafundileyo? (1)
- 2.14 Uthetha ukuthini uGobidolo xa esithi, 'uqinis' imihlathi undixambulisa emzini wam nje, uzikhathaza ngantoni ngomntwana wam?' (2)
- 2.15 Wayehlala phi utitshala? (1)

- 2.16 Intshukumo kaGobidolo yokumana enyola intonga ekhwenkxa ingubo umbhali uqaqambisa ntoni ngayo? (1)
- 2.17 NgokukaGobidolo umsebenzi wootitshalakazi esikolweni kukwenza ntoni? (1)
- 2.18 Ingaba yintoni isizathu sokubhitya kootitshalakazi ngokukaGobidolo? (1)
- 2.19 UNowenti udlale eyiphi indima ekusombululeni ingxoxo katitshala nomyeni wakhe? (2)
- 2.20 Utitshala uNgxowankulu yayinguye unozakuzaku omele icala lakulo Thembisa. Oko kukuthi:
- A Wayexoxa umcimbi wobulawu.
B Wayexoxa umcimbi wobugqirha.
C Wayexoxa ngokufundiswa kukaThembisa. (1)
- 2.21 Waphendula wathini uGobidolo xa uKhuboni wayemkhumbuza ukuba wathi ufuna ukumenza isishumane uThembisa ngokumfundisa? (1)
- 2.22 UThembisa akugqiba ukufunda akazange atshate. Yinyani okanye asiyonyani? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.23 Zithini iimbono zikaGobidolo ngemfundo? (2)
- 2.24 Inxaxheba ethatyathwe ngutitshala ngoThembisa ingaba yefanelekileyo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- [35]**

OKANYE**UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)****UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani**

Bonisa indlela umbhali abazobe ngayo aba balinganiswa balandelayo (240 amagama):

- 3.1 Eddie Maga
3.2 Linda Monti
3.3 Thembisa Ntloko
3.4 Duma Hlelo (2)
- [35]**

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani**

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Intsasa yayibanda, izulu lithe gqume ziingqimba zamafu amhlophe, kukho umoyana ombi ohlabayo. Phofu lalikhlo ilitha lelanga elingqunga ngaphaya kwamafu, lizungula ithuba lokutyhoboza. Inkundla yamatyala eMantyi yaseMonti yayilambatha abaphulaphuli ngaloo ntsasa kuba yayingesosiqhelo ukuba amatyala aqale ngentsimbi yethoba isekhona eyeshumi. Kodwa nakoo ke. Emkhumbini yayiyiloo nzwakazi yakwaMonti egama linguLinda. Yayingagaxele yayisus' amaphepha, isisicibala phantsi kwewinter costume emvubo-mazimba, ichophise ngezihlangu ezineengcangula zezithende neempumlo ezingathi ziloliwe. Yayingenakuyiva loo ngqele phantsi kwemfumamfuma yebhatyi eyayiyinyule kwaFemina House. Loo bhatyi yileyo yothusa okaHlobo ekungeneni kwakhe enkundleni. Yaba sisimanga kuye into yokuba loo ntokazi ibe nesibindi sokunxiba loo bhatyi ngaloo mhla nasezintsukwini.

Sasilapho **isixhintolo** sesajini yakwaNgqondi, elungisa amaphetshana akhe okutshutshisa. Ecaleni kwakhe, yayinguHlobo, esenza amabhunga angaphele ndawo nokaNgqondi lowo. Yena uKhumalo, igatyana lomfana negqwetha elaziwayo eMonti, wayezihlelele ethe cwaka kwitafilana eyodwa, emana ukuphulula imiqulu yeencwadi eyayiphambi kwakhe, eqoba iliso futhifuthi, encumelana nenzwakazi esemkhumbini. Wayemnye kuphela okhoyo kwizihlalo zabaphulaphuli – inguDuma Hlelo, isicaka esithembekileyo sikaLinda.

Ude wangena umhlekezi, iMantyi, ithe wambu umnweba wayo omnyama, ihamba netoliki yayo. Emva kokubhala into engenasiphelo, ide yadanduluka inqeberhu yeMantyi ngelizwi eliphantsi, intetho yayo itolikwa ngesiXhosa ukubhekiswa kosemkhumbini:

'Wena Linda Monti, ubekwa ityala lokubulala owothi uzihlangule kulo kule nkundla xa livavanywayo ngomhla wethoba kwinyanga ezayo, ngentsimbi yeshumi, kusasa. Uvavanyo olo ndilumisela loo mhla. Ingaba ukho onento yokuthetha kwesi sithuba?' Kuphakame umtshutshisi, wahambisa wathi, 'Ngokuzithoba ndenza isicelo sokuba inkundla mayigunyazise okokuba ummangalelwa abe selugcinweni lwentolongo de kube nguloo mhla wokuvavanywa kwetyala. Ndinezizathu ezenza ndikholelwe ukuba ukukhululwa kummangalelwa kwesi sithuba kothi kuphazamisane nabatshutshisi xa beqokelela ubungqina beli tyala,' yatsho ihlala phantsi le nto.

- 4.1 Umbhali uthetha ukuthini xa esithi inkundla yayilambatha? (1)
- 4.2 Wayeyithenge kuyiphi ivenkile uLinda ibhatyi yakhe yodidi? (1)
- 4.3 Yintoni eyabangela ukuba uDick othuke xa uLinda engena emkhumbini enxibe ibhatyi yakhe yodidi? (1)
- 4.4 Ngubani umcuphi weli tyala? (1)
- 4.5 UKhumalo udlala yiphi indima kweli tyala? (1)

- 4.6 Yintoni ebangela ukuba uLinda Monti aziwe ngabantu bonke eMonti? (1)
- 4.7 Ngoobani amagama esi sibini atyholwa ngokusibulala? (2)
- 4.8 Xela zibe NTATHU izizathu ezibangela ukuba uLinda Monti akrokrelwe njengombulali. (3)
- 4.9 Xela izizathu eziBINI ezinikwe ligqwetha likaLinda xa lalisenza isicelo sebheyile. (2)
- 4.10 Yayingubani ingqina lokuqala lenkundla? (1)
- 4.11 Kungca wokuqala nowesibini kwisicatshulwa umbhali usebenzise imozulu njengomelo (isimbolizim), khawucacise okuboniswa yile mozulu ngokwalapha ebalini. (3)
- 4.12 Nguwuphi umfanekiso-ngqondweni oba nawo xa kusithiwa umntu 'sisixhintolo'? (2)
- 4.13 Umbhali uthi uDuma Hlelo sisicaka esithembekileyo sikaLinda, ngokwasebalini yintoni ebonisa oku? (2)
- 4.14 Impendulo kaLinda awayinika esemkhumbini ethi: 'Andazani naloo nto mna!' xa abuzwa ngumantyi ukuba unetyala okanye akanatyala, ibonisa ntoni ngaye malunga neli tyala? (2)
- 4.15 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
'Ubekwa ityala lokubulala owothi uzihlangule kulo,' umantyi uthetha ukuba:
- A Ubekwa ityala lokubulala ozifake ngokwakho kulo.
B Utyholwa ngesenzo sobugwinta ekuxhomekeke kuwe ukuzikhupha kuso.
C Ubekwa ityala lokubulala owosulelwe ngalo. (1)
- 4.16 Yintoni injongo yombhali yokusizobela isinxibo sikaLinda ngalo mhla wetyala? (2)
- 4.17 Ubungqina obunikwe ngusajini Ngqondi, ngobu-ethe-ethe betyala bube nafuthe lini kwisigqibo esithathwe yinkundla? (2)
- 4.18 Ungathi imantyi yathatha isigqibo esilungileyo ngokungamniki uLinda ibheyile? Xhasa impendulo yakho? (2)
- 4.19 Xela ubungqina obuvele mva kwityala likaLinda Monti obuye bamkhulula kwisityholo sokubulala uEddie noLulama. (3)
- 4.20 Ubunokuthini ukuba ubunguLinda xa sele befunyenwe ababulali emva kokuvallelwa ixesha elide kangaka? (2)

[35]**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

Bonisa indlela umbhali abazobe ngayo aba balinganiswa balandelayo (240 amagama):

5.1 Mawonga

5.2 Ndila

5.3 Madala

[35]**OKANYE****UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Maziko: Kudala bawo ndikuxelela ngoLoni ochitha isikolo. Phofu nditsho kuba inguwe. Lo mfo wayeka ukusebenza, yonke into isemagxeni kum. Ndingxamele ukusinda-sindana kungoku nje.

Madala: Ke lilonke uthi mandithini?

Maziko: Mboneleni icebo uLoni. Andinakwenza umdovu womsebenzi ndingamkeli ngawo.

Madala: Ucebisa ukuba senze ntoni ke wena titshala?

Maziko: Awu! Uya kuthini kaloku bawo ukuzenza ibhenqa ulizingela. Ndize kukuvusa njengelungu lekomiti, nalungu lekomiti usihlalo.

Madala: Kaloku titshala kufuneka xa undulula umcimbi uqiniseke ngawo. Andimntu uthanda ukubamba intulo ngomsila.

Maziko: Uthetha ukuba animboni ukuba uLoni utshila ngesidanga sikaNdila? Iziphumo zizibi nje le minyaka mithathu, nithi zibangwa yintoni?

Madala: Ewe zinjalo zonke ezi zinto uzithethayo kodwa ke besisalindele intloze singazi ukuba siza kufumana bani na endaweni yakhe.

Maziko: Hehe ... hehe! (*Ehlekelela phantsi.*)
Kutheni na bawo ngoku, wajonga phesheya komlambo? Ndathi umsebenzi ndiwuphethe kungekho gxeke, yintoni eya kundoyisa xa sendihlawulelwa ngawo?

Madala: Andithi nguwe ogqiba ukuthi iziphumo zibi ukho nje nawe? Ndova yiphi?

Maziko: Mna kaloku andinanto yakwenza nebanga lesithandathu.

Madala: O! Hayi ke ndiyeva titshala. Kaloku thina asifundanga loo nto ke isifumanise ubunzima, ngakumbi nangakumbi xa sizama ukucukula umntu ofana nawe, ongqondo yongeziweyo.

Maziko: Lo mcimbi awufuni ziingcali namachelezi, uphandle nje. Yiyani nje phaya esikolweni ngomso lo, niya kufika eludaka. Ukuba niya ngoMvulo, olona suku lwakhe, nibize abahloli kwangoMvulo lowo zinganqakra.

Madala: Ingathi lilo elo lakho kunjalo nje alingezi nakuthetha kwathini na.

Maziko: Kuyo yonke ke le nto unga akungelibali ukuba indawo le ndiyincwase mpela, ndaye ndizimisele.

Madala: Xa kunjalo ke mfo wam yazi ukuba amatwina ayahlutshezwa ukuze abambe.

Maziko: Cacisa bawo.

Madala: Kanti andithethi siLungu. Ukuba uyindoda, nandoda indoda yomXhosa umelwe kukundiva. Yintakobusi yodwa ethanda ubusi ingakwazi ukuphakula.

Maziko: O! Hayi ndiyaqal' ukukuva ke ngoku. Ndikuloo nto ukuyo nawe. Ndazi mhlophe ukuba intakobusi ishiyelwa elenkosi inqatha.

Madala: Uthe kanti uyindoda titshala. Into enje ke mfo wam, ngakumbi eyamadoda ivalelwa macal' onke ibolele ngaphakathi.

- 6.1 UMaziko noMadala bathetha ngabani apha? (1)
- 6.2 Wenzeni lo mfo kuthethwa ngaye? (1)
- 6.3 Indlela athetha ngayo uMaziko iyamtyhila ukuba ungumntu onjani. Mchaze ukuba ungumntu onjani. (2)
- 6.4 Leliphi eli cebo athi uMaziko makabonelwe lona uLoni? (2)
- 6.5 Kutheni eze kuxela kuMadala nje? (1)
- 6.6 Cacisa le ntetho ithi, 'UMadala uzenza ibhenqa elizingela.' (2)
- 6.7 UMaziko uthi, '... animboni uLoni utshila ngesidanga sikaNdila,' ubhekisa koobani? (1)
- 6.8 Sesiphi esi sidanga atshila ngaso uLoni? (1)
- 6.9 Injongo kaMaziko yokuza kuMadala ngalo mcimbi yintoni? (2)

- 6.10 Uthi uMadala yintoni isizathu sokuba banyamezele uLoni nangona enxila esikolweni? (1)
- 6.11 Le mpendulo uyinike kuMBUZO 6.10 wayithatha njani uMaziko? Zixhase. (2)
- 6.12 Ingaba isenzo sikaMaziko sokuza kuthetha ngoLoni kuMadala sibonisa ukuba uyakhathala ngesikolo nekamva labantwana? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.13 Kwakutheni uMaziko aze ahlekele phantsi? (1)
- 6.14 UMaziko uthi uMadala ujonge phesheya komlambo. Oku kuthetha:
- A UMadala ujonge ngaphesheya komlambo.
 - B UMadala ume ngasemlanjeni.
 - C UMadala ujonge omnye umntu ngaphandle kwakhe. (1)
- 6.15 UMaziko noMadala ngamaphuthi ahlath'innye. Ngqina oku uzixhase. (2)
- 6.16 Ingaba uyavelana noLoni lo kuthethwa ngaye apha? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 6.17 Sisiphi isizathu asibekayo uMaziko ngeziphumo zesikolo ezibi? (1)
- 6.18 Cacisa intetho kaMaziko ethi, 'Yiyani phaya esikolweni nakufika eludaka.' (2)
- 6.19 Ithetha ukuthini intetho kaMadala ethi, 'Amatwina ayahlutshezwa ukuze abambe'? (2)
- 6.20 Ingaba into yokuphelelwa ngumsebenzi kukaLoni ngenxa yokungakwazi ukuziphatha yinto ekhe yenzeke entlalweni yethu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.21 Ingaba umbhali uzama ukusibonisa ntoni ngalo mlinganiswa unguMadala? (2)
- 6.22 Saba yintoni isiphelo sikaLoni apha ebalini? (1)
- 6.23 Iyelenqe likaMaziko laphumelela. Ngqina oku ngokwasencwadini. (1)

[35]**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa****UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)****UMNTU AKAL AHLWA – LL Ngewu**

UMathidala yindoda engqwabalala, uzwilakhe wokwenene. Ngqina oku ngokubonisa impatho kaMathidala kusapho lwakhe (240 amagama).

[35]**OKANYE****UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UMHLAHLA NGAMEHLO – LL Ngewu**

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ummangali ibinguNonkanyezi intwazana eyayigqwashule yaphuma enkundleni ngokugxothwa lipolisa kuba ibonakele iselula mhla kwakuxoxwa ityala likaNompoxeko. Iyixelele le ntwazana inkundla ukuba uZolani wayazisa ukuba nokuba ingaya kweyiphi na inkundla akayi kubhungca emacebetshwini kuba yena enobungcali bokubhutya umntu ngobubende inyama engayidlanga. Le ntwazana iyixelele inkundla ukuba ummangalelwa lo njengamfana wakwaMthi uzingce ngokuba yena unomthi kanomyayi yaye kudala ekweli khondo. UNonkanyezi lo ubeyiphale kanobom le nkewu ngezo nzipho zakhe zimfutshane zinjalo. Uhlangulwe kumalinge eli tshijolo kukusitsho esofelweyo, esisitshotho enjalo. Eli ityala belichotshelwe ndedeba yimbi, ebekubonakala ukuba ayikatofeki zizihlelegu ezenziwa ngabantu.

UZolani apho abuvume khona ubugwenxa bakhe umtshutshisi wenze into engaqhelekanga yokuchubela inkundla uhlobo le nkewu yaphuncuka ngalo kwelinye ityala lobudlwengu. Izamile indoda ibichophele eli tyala ukulumkisa ngelithi asingomsebenzi wenkundla ukunqika iziduli nokuphanda amadlaka koko esi silumkiso asimfakelanga amaqhubu umtshutshisi. Umtshutshisi ucele umchopheli weli tyala ukuba alum' elahla angawobolozeli kuba ilizwe lonakele zizidlwengu ezidliselayo. Uyiqukumbele intetho yakhe ngelithi wenzela ukuba umchopheli weli tyala angayenzi impazamo yokucinga ukuba le nkewu iyaqala ukutyhilizela abantu abaselula basetyhini kweli tyholo lenkohlakalo.

Ummangalelwa ugwetywe ukuba achithe ubom bakhe bonke entolongweni. Nanamhla inkundla ibizele imi ngeembambo ngabantu ababedlwengulwe ngumdla wokuqonda ukuba njengokuba ibiphunzile nje ngezolo ingelodlowlwazana injalo, namhla yozala nkomoni na. Sithe sakuwa isigwebo wadidizela wada wawa isiduli ummangalelwa aza amdidizelisa amapolisa ukumsa kwesimnyama isisele. Ngeli xesha ibanjwa lididizeliswa ngamapolisa kuvele ezinye iintwazana ezidize ukuba nazo zakha zaxhatshazwa kanobom sesi sidlwengu koko zoyika ukuza ngaphambili kuba zibaleka ukwenziwa intlekisa ngamadoda kwinkundla yamatyala.

8.1 Ngubani ummangalelwa kweli tyala?

(1)

- 8.2 Sithini isityholo sommangali kummangalelwa? (1)
- 8.3 Intetho ethi, 'Akayi kubhungca emacebetshwini,' ithetha ukuthini? (2)
- 8.4 Isizathu sokuqiniseka kukaZolani ukuba uNonkanyezi akayi kubhungca emacebetshwini kweli tyala sesiphi? (1)
- 8.5 Xa ubungumhlobo kaNonkanyezi ubungathini emva kwesigwebo? (2)
- 8.6 Chonga ibinzana elithetha ukuba, 'Unethamsanqa lokuphuncula angabanjwa'. (1)
- 8.7 Ingaba uyaqala ukuyenza le nto ummangalelwa? Xhasa impendulo yakho ngokucaphula apha kwisicatshulwa. (2)
- 8.8 Xela ubungqina obubonakalayo kuZolani obubungqina bokuzilwela kukaNonkanyezi. (1)
- 8.9 Yintoni isitshotho? Khetha kwezi mpendulo:
- A Ngumntu onelizwi elitshileyo.
- B Ngumntu onelizwi elibukhali.
- C Ngumntu onelizwi elitswinayo. (1)
- 8.10 Ucinga ukuba yintoni le athi umbhali akakatofeki kuyo umantyi? (2)
- 8.11 Ingaba saba yintoni isiphumo setyala? (1)
- 8.12 Ingaba yintoni injongo yomtshutshisi yokuxelela inkundla indlela uZolani awaphuncuka ngayo kwelinye ityala lobudlwengu? (2)
- 8.13 Qikelela into ebinokwenziwa nguZolani ngoko kumazi kwakho apha ebalini xa ebenokungagwetywa avalelwe esiseleni. (2)
- 8.14 Thelekisa imizamo kaNompoxeko naleyo kaNonkanyezi ngeli xesha uZolani azama ukubadlwengula. (2)
- 8.15 Ingaba isenzo somtshutshisi esixelwe kuMBUZO 8.12 usibona silungile? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 8.16 Ungathi uNonkanyezi ungumntu onjani? (2)
- 8.17 Isaci esisetyenziswe ngumbhali, '... unomthi kanomyayi ...' xa achaza uZolani usibona sichanekile ngokwalapha ebalini? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 8.18 Myalezo mni oziswa ngumbhali ngokumenza uZolani agwetywe ubomi entolongweni? (2)
- 8.19 Ingaba umbhali ngokusebenzisa la mazwi uzama ukuvelisa oluphi uluvo? (2)
- '... zibaleka ukwenziwa intlekisa ngamadoda kwinkundla yamatyala.'

- 8.20 Ingaba uNonkanyezi ebeqala ukuza enkundleni yamatyala ngale mini yeli tyala? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 8.21 UZolani samothusa isigwebo awasifumanayo. Chonga isivakalisi esixhasa oku. (2)
- [35]**

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli**

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Iimbongi zakwaNtu – LT Manyase

- 1 Awu! Midak' akowethu ndiboleken' indod' ibenye.
- 2 Ndiboleken' indod' ibe ny' enelizw' eliphakamileyo,
- 3 Indod' enomoya enelizwi eliqaqambileyo.
- 4 Indod' engakhethe bala lamntu, enentliziyo enye.
- 5 Ikh' isibekel' amabala ngeembongi zakwaNtu,
- 6 Ibek' izigigaba kutsho kuthi gabu amafu.

- 7 Ndifuna indoda enomoya ethetha inyaniso.
- 8 **Indod' etheth' into eyivileyo esuka embilinini.**
- 9 Ingabi yinteth' ekhaphu-khaphu engenaxabiso
- 10 Ibe yinto enokuvakala esuka entliziweni.
- 11 Ngxatsho ke! Akungethethi nto ngeembongi zakwaXhosa.
- 12 Woba yinto ebhibhidlayo engakwazi kuxoxa.

- 13 Yizani nendoda enelizwi elibetha neleembongi,
- 14 Kub' indod' engenamoya yothetha kant' iyanyelisa.
- 15 Zon' iimbongi zakwaXhosa zifun' indoda eyingqondi,
- 16 Kuba zatheth' umnt' esemny' elizweni isizwe saneliswa.
- 17 Zabonga mandulo aqin' amagwal' ay' emfazweni.
- 18 Zawukhaphela umkhosi zawukhuph' esangweni.

- 19 Zabong' emthonyameni komkhulu iinkosi zalila
- 20 Zazisikelela zazizinzisa ezihlalweni zazo.
- 21 Zawuthutha-thuth' umkhosi izinja zakomkhulu zakhwina
- 22 Aqin' amadolo kumagwala athath' imikhonto yawo.
- 23 Ath' ebelil' iinyembezi zajika zazezovuyo,
- 24 Ath' ebehlininika, kwajika kwakokoncumo.

- 25 Ndiziselen' indod' ibe nye enehlombe kwanomoya.
- 26 Yiy' engafanel' ukum' enkundleni ityakatye ngeembongi,
- 27 Ibek' amabala nezibakala ibabaze, zokholwa.
- 28 Ukuze ingatheth' izint' ezingayi mxhelweni kwiimbongi,
- 29 Kuba ziintw' ezikwaz' ukuphixanisa nokufunza
- 30 Kuba ziintw' ezinokuxolelanisa nokukhunga
- 31 Azi nithi bantu bani n' aba soloko bakhamisa,
- 32 Bedumis' imisebenzi emihle yezandla zikaThixo.
- 33 Beneliso elibukhali, besoloko befanisa.
- 34 Bechub' iindaba bentyiloza, besikhumbuza ngamasiko.

- 9.1 Xela uhlobo lophinda-phindo olusetyenziswe yimbongi kumgca woku-1 nowe-2. (1)
- 9.2 Chaza ukuba sisetyenziselwe ntoni isikhuzo esikumgca woku-1 yimbongi. (1)
- 9.3 Chaza okuphuhliswa ngumfanekiso-ngqondweni oziswa sisifanekisozwi, gabu esisetyenziswe yimbongi kumgca wesi-6. (1)
- 9.4 Imbongi ithi ifuna umntu onjani onokuthetha ngeembongi? Caphula umgca ophuhlisa oku. (1)
- 9.5 Tolika okuthethwa yimbongi kumgca obhalwe ngqindilili wesi-8. (2)
- 9.6 Khetha impendulo echanekileyo:
Intetho ekhaphu-khaphu engenaxabiso, yintetho:
- A Elula xa iphakanyiswa.
B Ethethwa ngokusebeza.
C Engenantsingiselo engadali luvakalelo. (1)
- 9.7 Nika intsingiselo equlathwe ngumqolo we-14. (1)
- 9.8 Nika intsingiselo equlathwe sisitanza sesi-3. (2)
- 9.9 Loluphi udidi lweembongi ekuthethwa ngalo kulo mbongo? (1)
- 9.10 Imfanozandi ekumgca wama-20 isetyenziselwe ukugxininisa ntoni malunga neembongi? (1)
- 9.11 Uchasaniso olusetyenziswe kumqolo wama-23 nowama-24 luqaqambisa galelo lini leembongi esizweni? (1)
- 9.12 Khetha engeyonyani kwezi mpendulo zikwizibiyeli:
(iwubhala phantsi umbongo wayo/isuka idanduluke ibonge)
Imbongi yomthonyama ... (1)
- 9.13 Luthini uluvo lombhali/lwembongi ngeembongi zakwaNtu? (2)
- 9.14 Ingaba le ndima idlalwa ziimbongi zakwaNtu ichazwa kulo mbongo uyibona ibalulekile wena? Xhasa impendulo yakho. (1½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Intaba kaNdoda – LS Ngcangata

- 1 Ngxatsho-o-o-ke, mzi wasemaXhoseni!
- 2 Ngxatsho-o-o-ke, hlanga lwakwaluhlanga!
- 3 Ndithetha nani, zidweshana namagqiyakazi.
- 4 Ndibhekisa nakuni, mlisela nomthinjana.

- 5 **Yintaba kaNdoda intaba yeentaba.**
- 6 Yintab' encoph' isondel' ezulwini.
- 7 Yintab' ezinyaswe ngamahlath' akwaHoho,
- 8 Inge ithozamel' ukuthandazel' imvula.

- 9 Kulapho kutsholoz' iintaka neenyamakazi,
- 10 Ngokungathi zidumis' uQamata ngesihomo;
- 11 Zimzukisa ngokudala le Ntaba kaNdoda;
- 12 Zimbamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo.

- 13 Sinelunda isizwe sikaXhosa ngale ntaba.
- 14 Yintab' esiya kuqhayisa ngayo ezizweni.
- 15 Asinakuba manyonywana zisakuyikhankany' iintlanga,
- 16 Kuba yintab' engundoqo weembali zakwaRharhabe.

- 17 Ntabandini ukuba ubukhula ngendithetha ndophele.
- 18 Ndithi ngendityibela, ndityondyotha, ndityatyadula.
- 19 Ngendisithi khul' ud' ukhuluphale kodwa unghokhokhobi.
- 20 Ngendisithi khul' ud' ufike khon' ezulwini.

- 21 Uthume' izijoli zize kusidlel' amathol' eendaba;
- 22 Zisibalisele ngezinto zalapho kwikhaya lolangazelelo;
- 23 Zisichazele ngezinto ezenzek' ezulwimi.
- 24 Zisixelele ngamaXhos' ababalwe ngobomi baphakade.

- 25 Ngemihla yantlandlolo, nditsho mandulo,
- 26 Kwez' uRharhabe nehlokondiba labalandeli.
- 27 Bafika babek' ubilo kuyo le ntaba,
- 28 Bevela kwaPhalo, phesheya komlambo.

- 29 Babeqephuke kuGcaleka baziph' amathafa,
- 30 Kuba ezi nkunzi zazingooxholovane zombini.
- 31 Nangona zaziphuma kuPhalo, yena ncakasana,
- 32 Zingathandi ukukhonya buhlantini bunye.

- 10.1 Khetha impendulo ibenye:
'Ngxatsho-o-o-ke!', ngesi sivula-mlomo imbongi icela:
- A Ukuba abantu bamamele olu daba iza nalo.
B Ukuba bangxathe.
C Igxotha abantu ukuba bagoduke. (1)
- 10.2 Intetho ethi, 'hlanga lwakwaluhlanga' ithetha ukuba imbongi ibhekisa kubantu abayintoni kuyo? (1)
- 10.3 Amabinzana akrwelelwe umgca kumgca wesi-3 nowesi-4 aphuhlisa ntoni? (1)
- 10.4 Umgca obhalwe ngqindilili kwisitanza sesibini usixelela ntoni ngale ntaba? (1)
- 10.5 Ithetha ukuthini imbongi ngalo mgca?
'Yintab' encoph' isondel' ezulwini.' (1)
- 10.6 Xela isafobe esisetyenziswe kumgca we-10. (1)
- 10.7 Intaba kaNdoda imi ecaleni kweliphi ihlathi? (1)
- 10.8 Igama elikrwelelwe umgca kumqolo we-15 lithetha ukuthini? (1)
- 10.9 Chaza ngamazwi akho okuqulethwe kumgca we-17. (1)
- 10.10 Imfanozandi esetyenziswe kumqolo we-18 isinika umfanekiso ngqondweni womntu onjani? (1)
- 10.11 Nika intsingiselo equlathwe sisitanza sesi-4. (2)
- 10.12 Ingaba **yinyani** okanye **asiyonyani**?
URharhabe xa wayevela Phesheya kweNciba neqela labantu, waphumla kule ntaba. (½)
- 10.13 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli:
(wasebenza/waphumla/wabeka impahla phantsi)
Xa imbongi isithi, 'URharhabe wabek'ubilo', ithetha ukuba wafika ... (1)
- 10.14 Ingaba ulwazi oluveliswa yimbongi ngale ntaba lubalulekile? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 10.15 Yintoni injongo yembongi ngokubhala umbongo ngale ntaba? (2)

[17½]**OKANYE**

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Ukungcwatywa kwetalente – C Nqakula

- | | |
|----|--|
| 1 | Ndithi ndakucinga indlela endiphile ngayo emhlabeni, |
| 2 | Ubomi endingenakho ukuthetha ngabo ngeqhayiya, |
| 3 | Kuba kungekho msebenzi mhle endithi ndiyawushiya |
| 4 | Njengokuba sendisondelela kangakanana ngoku ekufeni, |
| 5 | Ndiqonde ukuba bendinokuzidla okukhulu emphefumleni |
| 6 | Okwenze ukuba ndingabinasipho ndisinikezela eluntwini |
| 7 | Ngeenjongo zokuphucula isizwe sam ezizweni, |
| 8 | Ukuze singabisosizwe sabangqibi, sihluthe esiswini. |
| 9 | Umntu ngamnye uyintsika nomsimelelo wabanye, |
| 10 | Kumntu ngamnye ebomini kulindeleke imisebenzi |
| 11 | Eza nempucuko nempumelelo nempilo nakwabanye, |
| 12 | Kuba kaloku sonke emhlabeni singabakhonzi. |
| 13 | Inkonzo yethu mayityhutyhe ilizwe; |
| 14 | litalente zethu mazikhonze isizwe. |

- 11.1 U-ndi obhekiselele kumntu wokuqala ubonisa ukuba imbongi ibhekisa kubani kulo mbongo? (1)
- 11.2 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 11.3 Nika intsingiselo equkathwe yimigca esibhozo yokuqala. (2)
- 11.4 Imbongi ithi yintoni ebangela ukuba ingakwazi ukuthetha ngeqhayiya ngobomi bayo kumgca wesi-3? (1)
- 11.5 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo:
- Ngokwalo mbongo ingxaki yesizwe sale mbongi kukuba sisizwe:
- | | | |
|---|------------------|-----|
| A | Esingqibayo. | |
| B | Esihluthayo. | |
| C | Esingqingqizayo. | (1) |
- 11.6 Cacisa ngamazwi akho okuthethwa ngumgca we-9. (2)
- 11.7 Chonga umgca omnye kumbongo obonisa ukuba umntu ngamnye unoxanduva lokwenza igalelo ebomini. (2)
- 11.8 Chonga umgca embongweni osibonisa ukuba imbongi ayisenabomi bude eza kubuphila. (1)

- 11.9 Ucinga ukuba kulungile ukuba umntu italente yakhe ayisebenzisele isizwe? Xhasa impendulo yakho. (1½)
- 11.10 Ingaba isikweko, uyintsika esisetyenziswe yimbongi usibona sichanekile ngokomxholo walo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 11.11 Cacisa into ethethwa yimbongi kumgca we-13 nowe-14. (2)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Inkonjane – VV Sigonya

- 1 Ndayibon' indand' ipheph' okwengelosi.
- 2 Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
- 3 Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;
- 4 Ngumoy' ongephi zityhil' ubumbeje-mbeje,
- 5 Ndayibonga ndagqiba ngentliziyo.
- 6 Ndafihl' izikhwazo ndisoyik' uluntu.
- 7 Yandimemez' ibik' udaba.
- 8 Yavakal' intlontl' ingqay' ubomi bam.
- 9 Wavakal' umoya wentumekelelo.
- 10 Zagungq' iingcango zentliziyo.
- 11 Lwabeth' uvalo lundityel' uba yeyam.
- 12 Umoya wembala nawo wandingqinela.
- 13 Ndayondela; ndayijonga; ndayiphonononga;
- 14 Ndafik' iyimfezek' ingqibelelo.
- 15 Yayizotyawe ngenene ngemini yehlobo.
- 16 Yabuthabatha bonk' ubume bam.
- 17 Luqhotyoshwe kweso sithuba ke olu lwimi
- 18 Ndithethe ndagqiba kodwa hayi intlocomo.
- 19 Ndazibona ndindodwa ndisemehlwen' oluntu.
- 20 Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;
- 21 Ngomphefumlo ndingaboni mntu.
- 22 Manqina mani na la andicaf' umphefumlo?
- 23 Nzipho zini na ezi zindikrwemp' ulonwabo?
- 24 Ncumo luni na olu lukuwe ntakandini?
- 25 Mdiki mni lo ulele kwezo nzipho?
- 26 Ntakandini yezulu;
- 27 Ngeba wena uyinzulu;
- 28 Ngoba wena unyulu.

- 12.1 Chonga isafobe kwisitanza-1 kumgca wokuqala, uxele udidi lwaso. (2)
- 12.2 Nguwuphi umfanekiso-ngqondweni umbhali asizobela wona kwisitanza-1 kumgca we-3 ukuya kowe-4? (1)
- 12.3 Nika intsingiselo equlathwe kwisitanza sesi-3. (2)
- 12.4 Uphindaphindo lwezenzi ezizizithetha-ntonye kumgca we-13 luzisa ntsingiselo ni? (2)
- 12.5 Umgca wama-20 othi: 'Ndanyalasa, ndingqola-ngqola, ndibheshuza,' usinika umfanekiso-ngqondweni womntu:
- A Ohamba eyekelele umzimba.
B Ohamba ngokuzidla nokuzithemba.
C Ohamba ngokukhawuleza. (1)
- 12.6 Imibuzo-buciko esetyenziswe kumgca wama-22 nowama-23 kwisitanza sesi-6 ibonisa ntoni? (1)
- 12.7 Loluphi udidi lombongo olu? (1)
- 12.8 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? (1)
- 12.9 Imbongi ithetha ukuthini xa isithi le nkonjane inyulu? (1½)
- 12.10 Xela isixhobo esisetyenziswe yimbongi kumagama akwisitanza sesi-7 akrwelelwe umgca? (1)
- 12.11 Imifanekiso-ntelekelelo yeliso inafuthe lini kumxholo walo mbongo? (2)
- 12.12 Uthini umxholo walo mbongo? (2)

[17½]**AMANQAKU ECANDELO D: 35****AMANQAKU EWONKE: 70**



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2011

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Le memorandam inamaphepha ali-12.

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO**ICANDELO A: IRUBRHIKI YOKUHLOLA ISINCOKO (50)**

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80 – 100%	Mfanelako Khowudi 6 70 – 79%	Enomthamo Khowudi 5 60 – 69%	Anele Khowudi 4 50 – 59%	Phakathi Khowudi 3 40 – 49%
AMANQAKU UYILO UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO (32 AMANQAKU)	26 – 32 Umxholo nocwangciso lokuceba ukuvelisa isincoko esingenamakhwiniba nesigqibeleleyo. Bonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngeshloko, ingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.	22½ – 25½ Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kweshloko. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla, iingcamango zihlakaniphile zinomdla.	19½ – 22 Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lweshloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	16 – 19 Umxholo ubonakalisa isincoko esanelisayo, ingcamango ziqhelekile ziyasilela ngobunzulu. Isicwangciso, izimvo ziyanelisa.	13 – 15½ Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nj kusekho izikroba. Isiqulatho siqheleki sinezikhewu kunamathelwano. Iingcamango uninzi lwazo lunxulumene
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (12 AMANQAKU)	10 – 12 Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. Itekisi ayinazimposiso konke kuba kwenziwa uvavanyo- fundo nohlelo.	8½ – 9½ Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetenziswe ngokuchanekileyo. Itekisi engenama- khwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo fundo nohlelo.	7½ – 8 Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	6 – 7 Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana neemifuno zeshloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.	5 – 5½ Isimbo, imvakalozwi nerejista zibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo- magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetenziswe ngokungachanekileyo Uchongo magama luphakathi. Itekisi imeziphoso ezininzi kuba kwenziwe uvavanyo fundo nohlelo.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

	5 – 6	5	4	3 – 4	3
ISAKHIWO: IMIHLATHI/ ZIVAKALISI/ ZIMVO NOBUDE (6 AMANQAKU)	Ubuchule nesakhono sokwakhiwo kwezivakalisi zinamathelene.	Izivakalisi nemihlathi zinonggine- lwano kwaye zahlukahlukene.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa isincoko sona sinembadla.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso, kod iingcamango ziyalandeleleka.

IZINCOKO ZIYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A: UMONGO NOYILO	32
B: ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	12
C: ISAKHIWO	6
AMANQAKU EWONKE	50

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

ICANDELO B: IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (30)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80 – 100%	Mfaneleko Khowudi 6 70 – 79%	Enomthamo Khowudi 5 60 – 69%	Anele Khowudi 4 50 – 59%	Phakati Khowudi 40 – 49%
AMANQAKU UMONGO, UYILO NEFOMATHI (20 AMANQAKU)	Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko.	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa.	Umxholo nocwangciso, kuzamekile no kusekho izikr
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (10 AMANQAKU)	8 – 10 Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kugqwesile.	7 – 8 Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	6 – 7 Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kukwizinga eliphakathi.	5 – 6 Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lweziva- kalisi, imihlathi, izimvo nobude uyanela.	4 – 5 Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzam Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude sizam ukuphuhla.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

IMIHLATHI EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HILOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
A: Umongo, uyilo nefomathi	20	Mong.
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	10	Lwim, Simb noHlel
AMANQAKU EWONKE	30	

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

ICANDELO C: IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (20)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80 – 100%	Mfaneleko Khowudi 6 70 – 79%	Enomthamo Khowudi 5 60 – 69%	Anele Khowudi 4 50 – 59%	Phakathi Khowudi 3 40 – 49%
AMANQAKU	10 – 13 Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngeshilo.	9 – 10 Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kweshilo. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla.	8 – 9 Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lweshilo, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	7 – 8 Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa.	5 – 6 Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba.
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	6 – 7 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kugqwesile.	4 – 5 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	4 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kukwizinga eliphakathi.	3 – 4 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuyanelisa.	3 Ingqaliso kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude sizamekile ukuphuhla.
(7 AMANQAKU)					

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

IMIHLATHI EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
A: Umongo, uyilo nefomathi	13	Mong. =
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	7	Lwim, Simb noHlel =
AMANQAKU EWONKE	20	

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

1.1 Jonga lo mfanekiso uze ubhale isincoko ngawo.

Isincoko esichazayo

- Esi sincoko sikwixesha langoku nelizayo.
- Umfundi kulindeleke athethe ngongcoliseko lomoya olubangwa ngumsi ophuma kwimizi-mveliso.
- Iingcebiso ziquka ukufundiswa ngococeko, ukukhathalela impilo yabahlali neyabasebenzi, ukuya emthethweni, njalo njalo.

[Nayiphi na into esemxholweni enxulumene nalo mfanekiso iyakwamkeleka.]

[50]

1.2 Xa ndinokufumana ithamsanqa lokuwina imali engangama-R50 000

Isincoko esicamngcayo

- Isicwangciso sakhe.
- Izinto anokuzenza ngemali nezizathu.
- Isicwangciso singedluli kule mali

[Nayiphi na into esemxholweni enxulumene nesi sincoko iyakwamkeleka.]

[50]

1.3 URhulumente woMzantsi Afrika wedemokhrasi wenze umsebenzi oncomekayo kuphuhliso lweelali ukusuka kunyaka we-1994 ukuza kutsho ngoku.

Bhala isincoko uvakalise izimvo zakho.

Isincoko esixoxayo

- Kulindeleke ukuba umfundi abhale ngeenguqu ezize norhulumente wedemokhrasi ezilalini ezinje ngokulungiswa kweendlela, ukufakela umbane, ukufakela amanzi, njalo-njalo.
- Ulwakhiwo lwezindlu, ukuphuculwa kwemfuyo ngokuziswa kweenkunzi zohlobo, izikimu zemifuno, inkxaso yezolimo, unkcenkceshelo, imizi-mveliso ukwakhiwa kwezindlu zangasese, iibhasi neeklinikhi ezihambayo.
- Ukwakhiwa kwezikolo.
- Uphuhliso lwezakhono zabantu.

[Nayiphi na into esemxholweni enxulumene nesi sincoko iyakwamkeleka.]

[50]

1.4 Jonga lo mfanekiso uze ubhale isincoko ngawo.

Isincoko esibalisayo/esichazayo

- Umfundi kulindeleke ukuba abhale ngeenkcubeko ezahlukeneyo eMzantsi Afrika.
- Aveze iimvakalelo zakhe.

[Nayiphi na into esemxholweni enxulumene nalo mfanekiso iyakwamkeleka.]

[50]

- 1.5 Kwixesha esiphila kulo uyakwazi ukuhlawula amatyala, uthumele imali, uthenge nezinye izinto usebenzisa ifowuni.

Bhala isincoko ubonise ukulunga nokungalungi kwale nto.

Isincoko esixoxela amacala amabini

- Ubomi obulula obenziwa kukusebenzisa ifowuni.
- Iingxaki ezibangwa kukusebenzisa ifowuni kwezinkonzo zikhankanyiweyo.
- Isisombululo neengcebiso.

[Nayiphi na into esemxholweni enxulumene nesi sincoko iyakwamkeleka.]

[50]

- 1.6 Iye isanda imizi ephethwe ngabantwana ngenxa yokushiywa ngabazali babo bengenamntu mdala. Bhala isincoko ngalo mba.

Isincoko esichazayo

- Ingxaki abathi bajongane nazo abantwana
- Indima edlalwa luluntu ekuhlaleni
- Uncedo abaludingayo
- Isisombululo

[Nayiphi na into esemxholweni enxulumene nesi sincoko iyakwamkeleka.]

[50]

- 1.7 Kwakuzele qhu edolophini, kuphithizela abatsha nabadala, kungekho nendawo yokuma ngexesha leKrisimesi. Abantu babexakekile bephuma bengena ezivenkileni bethenga ooni nooni. Balisa.

Isincoko esibalisayo

- Ukugxalathelana kwabantu edolophini, ngeenyawo, ngeemoto nangeebhasi.
- Ukulahlekelwa zimpahla nemali ngenxa yokutyhudisa.
- Ukusebenzisa kakubi imali ngokuthenga izinto ezingenamsebenzi.
- Amaxabiso anyukileyo ezivenkileni.
- Ukuzalwa kukaYesu.
- Ukudibana kosapho kuvuyiswana nolu suku.
- Iingxaki ezivelayo.

[Nayiphi na into esemxholweni enxulumene nesi sincoko iyakwamkeleka.]

[50]

- 1.8 Jonga umfanekiso uze ubhale isincoko ngawo.

Isincoko esicamngcayo/esichazayo

- Umfundi angathetha ngenkangeleko yokutshona okanye yokuphuma kwelanga, nendalo.
- Iimvakalelo ngakubonayo.

[Nayiphi na into esemxholweni enxulumene nalo mfanekiso iyakwamkeleka.]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI

Njengomququzeleli weqela lebhola lasekuhlaleni, bhalela uMphathiswa weSebe lezeMidlalo ucele iimpahla ezintsha zokudlala (ikiti).

- lidilesi ezimbini eyombhali nombhalelwa.
- Isibuliso.
- Umcimbi engawo.
- Isiqu seleta masibhalwe.
- Isiphelo esifanelekileyo, sinegama nefani.

[30]

2.2 INTETHO

Uza kwenza intetho kwitheko lokuthi ndlela-ntle kutitshala wakho wesiXhosa othabatha umhlala-phantsi.

Bhala intetho yakho.

- Kulindeleke ukuba umfundi abhale intetho axele izinto ezintle utitshala wabo ebezenza.
- Imfundiso yakhe kubo.
- Kulindeleke ukuba umfundi alandele ifomathi yokubhalwa kwentetho umz. Intshayelelo, isiqu, isiphelo.
- Umfundi asebenzise irejista efanelekileyo neyamkelekileyo.
- Ivulwa ngeempawu zocaphulo iphinde ivalwe kwangazo.

[30]

2.3 INGXOXO

Abafundi ababini bebanga leshumi elinambini ababoni ngasonye malunga nombaba wokuvota. Omnye ubona kubalulekile ukuvota, omnye akaboni mfuneko yokuba avote kwaphela. Bhala le ngxoxo.

- Kulindeleke ukuba umfundi abhale ngxoxo ephakathi kwabafundi ababini.
- Kusetyenziswa intetho-ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo.
- Izithethi zibhalwa ngasekhohlo ephepheni, zilandelwe yikholon.
- Ingcinga okanye intshukumo yezithethi ifakwa kwizibiyeli.
- Kulindeleke asebenzise ithoni nerejista efanelekileyo.
- Kushiywa umgca ongabhalwanga phakathi kwezithethi.
- Kulindeleke ukuba awaxoxele ngokulingana omabini amacala.

[30]

2.4 **IMEMORANDAM**

UnguNobhala weBhunga labafundi esikolweni. Bekunentlanganiso yabafundi bexoxa ngezinto abanganeliseki zizo apha esikolweni. Bhalela inqununu yesikolo imemorandam uyixelela ngezi zikhalazo.

Bhala imemorandam.

- Makuvele umntu evela kuye neya kuye.
- Umhla nomcimbi engawo.
- Dwelisa izikhalazo kwisiqu sayo.
- Abhale izimeli magama nefani yakhe.
- Isikhundla abhala ekuso.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

3.1 ISIBHENGEZO

Kuza kuqhutywa ikhonsathi yeemvumi zomculo woKholo esikolweni sakho.

Bhala isibhengezo ngalo msitho.

- Iimvumi eziza kuba kule khonsathi.
- Indawo.
- Ixesha.
- Umhla
- Imali yokungena.
- Ulwimi olujija ingqondo

[20]

3.2 ISINGENISO SEDAYARI

Kwitheko lokuvuyisana nosisi/nobhuti wakho ngomhla wokuzalwa kwakhe, ucelwe ngabazali bakho ukuba wenze amalungiselelo. Yenza isicwangciso seentsuku ezintlanu.

- Umfundi makabhale kumntu wokuqala.
- Makuvele umhla nexesha.
- Unokusebenzisa ulwimi lwemihla ngemihla.
- Makavakalise imvakalelo zakhe malunga nemeko leyo athetha ngayo.
- Makabhale izinto azenzileyo naseza kuzenza

[20]

3.3 IMIYALELO

UnguMongameli weBhunga labafundi kwisikolo sakho. Uceliwe ukuba unike abafundi bebanga leshumi imiyalelo ngendlela yokuziphatha apho esikolweni.

- Bhala kuhlobo lokuyalela imo evumayo.
- Imo elandulayo ingasetyenziswa kodwa hayi kakhulu.
- Jolisa kwimithetho yesikolo esesikweni.
- Mayicace ivakale imiyalelo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2011

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha asi-7.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha elitsha.
5. Yenza uyilo (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko. Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A, imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo.

**[50]**

- 1.2 Xa ndinokufumana ithamsanqa lokuwina imali engangama-R50 000.

[50]

- 1.3 URhulumente woMzantsi Afrika wedemokhrasi wenze umsebenzi oncomekayo kuphuhliso lweelali ukusuka kunyaka we-1994 ukuza kutsho ngoku. Bhala isincoko uvakalise izimvo zakho.

[50]

1.4 Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo.



[50]

1.5 Kwixesha esiphila kulo uyakwazi ukuhlawula amatyala, uthumele imali, uthenge nezinye izinto usebenzisa ifowuni. Bhala isincoko ubonise ukulunga nokungalungi kwale nto.

[50]

1.6 Iye isanda imizi ephethwe ngabantwana ngenxa yokushiya kwabo ngabazali babo bengenamntu mdala. Bhala isincoko ngalo mba.

[50]

1.7 Kwakuzele qhu edolophini, kuphithizela abatsha nabadala, kungekho nendawo yokuma ngexesha leKrisimesi. Abantu babexakekile bephuma bengena ezivenkileni bethenga ooni nooni. Balisa.

[50]

1.8 Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo.



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**UMBUZO 2**

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80–100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI

Njengomququzeleli weqela lebhola lasekuhlaleni, bhalela uMphathiswa weSebe lezeMidlalo ucele iimpahla ezintsha zokudlala (ikiti).

[30]**2.2 INTETHO**

Uza kwenza intetho kwitheko lokuthi ndlela-ntle kutitshala wakho wesiXhosa othabatha umhlalaphantsi. Bhala intetho yakho.

[30]**2.3 INGXOXO**

Abafundi ababini bebanga leshumi elinambini ababoni ngasonye malunga nombaba wokuvota. Omnye ubona kubalulekile ukuvota, omnye akaboni mfuneko yokuba avote kwaphela. Bhala le ngxoxo.

[30]**2.4 IMEMORANDAM**

UnguNobhala weBhunga labafundi esikolweni. Bekunentlanganiso yabafundi bexoxa ngezinto abanganeliseki zizo apha esikolweni. Bhalela inqununu yesikolo imemorandum uyixelela ngezi zikhalazo.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B:****30**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**UMBUZO 3**

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-60–80 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 ISIBHENGEZO

Kuza kuqhutywa ikhonsathi yeemvumi zomculo woKholo esikolweni sakho. Bhala isibhengezo ngalo msitho.

[20]**3.2 ISINGENISO SEDAYARI**

Kwitheko lokuvuyisana nosisi/nobhuti wakho ngomhla wokuzalwa kwakhe, ucelwe ngabazali bakho ukuba wenze amalungiselelo. Yenza isicwangciso seentsuku ezintlanu.

[20]**3.3 IMIYALELO**

UnguMongameli weBhunga labafundi kwisikolo sakho. Uceliwe ukuba unike abafundi bebanga leshumi imiyalelo ngendlela yokuziphatha apho esikolweni.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100